

9 5.57106

# IMITETO

## NEZINYE INXOXO

NGU




### B. J. ROSS.

LOVEDALE INSTITUTION PRESS.


No.....80211.....Class B1A 496.371106  
ROS

African Studies Seminar.



G. & S. LTD. C.T. 15M/4/42. (RED.)





IMITETO

NEZINYE INXOXO

NGU

B. J. ROSS.

LOVEDALE INSTITUTION PRESS.



# Intshayelelo:

*Iziqendu Zalencwadi Zine.*

- I. UMTETO.
- II. AMASIKO.
- III. U-NTSIKANA.
- IV. IZITANDA BUMNYAMA.

**E**SOKUQALA siyatshayeleva. Iminyaka ngamashumi amatatu ndatetayo nododana olufundileyo lakwa Gcaleka ndisiti: Nina niqele ukusebenzisana nomhlope ohambisa izwi lika-Tixo, Yena upetwe lelo zwi, uhamba ngofefe oluyalezwa lilo. Uyi Nkwali Ebandela ezinye. Ngako oko uhleli equba nxam nemiteto elawula abanye. Nisayakubonana nabanye. Bona bapetwe sisisu esinepango. Baquba ngemiteto yemvela, ufefe aluko apo. Lomiteto iyangweba imbangise osisidenge esiswele amandla okuzibandela. Kuba yona iti akuko nkwali ebandela enye. Ngati uyakuti wakuposa iliso kumacala ngama cala e South Africa ufike kunjalo namhla. Umzi wakwa-Ntu uwubone weyele ebunzimeni obungazanga bubonwe. Pezu koko uswele necala ongesabela kulo, kungeko nomncedi ongazibika kuye usizakale.

Lifikile-ke ngoko ixesha lokukangela okuba obububi buhle ngandlela nina, buhamba ngemiteto

minina. Akuncedi ukufane kutiwe lento yenziwa kukukohlakala kobani. Lonto yona ifana nobuyata obuti lendlu ibetwe ngumbani ngobugqwira balamntu ndixabane naye. Kuzanywe-ke amacebo okumcita lomtakati. Esiqiqendu sizama ukubeka umlesi ekondweni ayakulilanda—azibonele okuba into zonke zibako ngomteto, zihambe ngemiteto. Umntu usizakala ngokuyazi lomiteto aze ke into zake aziqube ngokuvana nayo zitamsangelwe; kuba ongayaziyo lomiteto wozama ezamile, kanti uzama nxam nemiteto azame engazamekiyo. Injalo lonto nako lima umbona nako dala i “fly machine.”

Ezitatu iziqendu ziteta nto nye. Oqalayo ukuzifunda angati azidibene nganto. Woti akuziqiqa abone okuba akunjalo, zizama ukucacisa okuba ukanyo olufikileyo, ngakumbi ngemfundo engati ite tyi, lucikida luvavanye zonke izinto eziqalayo ukubonwa ngalo—luvulele inqubela. Yona ke ifana neziko lomnyibilikise apo kunokupumelela into eyiyo yodwa—ipumelele ihlaziyekile ishenxisiwe yonke into engena xabiso.

Zininzi-ke, kwakuba lapo, izinto ezindala ezazi xatyiswe ngamanyangi eziyakugwetywa zishenxele ezintsha.

Isifo somntu sivela apo kanye. Isifo sokupandlwa lutando lokutanda “Into zobawo into zakowetu” umntu apandlwe ade akohlwe kukusebenzisa ubucpo bake akangele ngolukanyo lufikayo. Eziqiqendu zizama eso sifo.

Ibali lakwa Sirayeli lifundisa, konamehlo okukulu ngaso eso sifo. Sibona uhlanga olatamsangelwayo ngapezulu kwentlanga zonke, lupelela emashweni. Abantu balo baba lusali ezintlangeni zonke. Abenzeleleli nama Levi bamfenguza ezi-



zweni. Iminyaka yi 1875 kunjalo. Akuko ndoda eyiyo yakwa Sirayeli engenasililo ngohlanga lakowayo.

Isizwe sakwa Rarabe satamsanqelwa ngokanyo olwaqala ukufika kuso. Izizukulwana zine lwafikayo ukanyo. Izizukulwana zine esisizwe sisemashweni. Akuko ndoda eyiyo yakwa Rarabe engena sililo ngesizwe sakowayo.

Emongweni wayo lento inye kwa Sirayeli nakwa Rarabe. Abantu bapandlwa lutando lokutanda into zakowabo bacima amehlo bacasa ukanyo olufikayo batanda ubunyama.

Siteta nje baninzi kwa Sirayeli abazixamlayo ngemigudu emikulu bavusa into zohlanga. Ayizameki lomizamo. Nakwa Rarabe baninzi abazama ukuvusa into zohlanga. Bazixamla ngelize.


Into yokwenziwa kulapa nje kukuvula amehlo kukangelwe ngolukanyo lufikayo ngokufika kufundwe imiteto yendalo izinto zicikidwe njalo.

Endaleni bekuye kuti lakuhlonia izulu ilenye imibane indoda iputume imiti yayo ilume ikwise : Ngelilelayo iti iyakafula igxota izulu. Oyaziyo imiteto yendalo unisa intsimbi etiyo pezukwendlu yake ayidibanise nomhlaba ngocingo ati lentsimbi iyakuwutsala umbane ubete kuyo uhle ngocingo uyekungena emhlabeni kungonakali nto. Kunjalo entweni ezininzi kakulu : ezindala ziqondiwe zizezobunyama zalahlwa kwafunwa ezintsha eze-ngqondo.

Intlalo ntle yomntu ilapo : inqubela ikwa lapo.

B. J. ROSS.

*Cunningham.*



# Umteto I.

Umntu oke wayiqiqqa lento ingumteto walinga ukukangeia yona yodwa ebuntweni bayo uyakubona okokuba kungatiwa ngelibanzi uhleli untlobo ne.

- (1) Umteto Wemvela-okunye Isiko.
- (2) Umteto Wombuso.
- (3) Umteto wakwa Lizwi.
- (4) Umteto Wendalo.

## *Umteto Wemvela.*

Lomteto uhleli ungenaluto lwakuya pi. Ngowabantu abase sentlalweni yemvela yoburwada. Kuti ke kwakufika ukanyo kubeko ukuzibonela nokuziqiqela komntu ngamnye uqale unyibilike. Umntu uyakuti lomteto uvele ngapi, wadalwa nini ngobani, waka ntoni ucita ntoni? Kutiwe sawuva ngobawo nabo bavela uko kade. Nto ingapaya kwaleyo ingaziwa bani. Ibe yinto yabantwana-ke leyo: bona bapatwa ngegunya kungeko nto bayaziyo bayiqondayo. Luti lukula ukanyo kube kokona lomteto unjalo unyibilikayo.

## *Umteto Wombuso.*

Singati lo umteto ngowabantu abaqabukileyo. Bayazenzela bazenzele bebona. Kuyakudibana amadoda amakulu anamava ingqondi nabafundileyo baxoxe, babambane babonisane boyisane badale umteto. Udalwe kujongwe ukwaka into ezitiyo nokucita into ezitiyo. Kube kwayilonto ekuguquleni nasekuciteni umteto owadalwa emaxesheni adlulayo kubonwa ukuba awusancedi nto okunye uyona kwezi meko nakula maxesha akoyo.

Esinye isizwe siyenza ngenye indlela lento esinye ngenye kuba imibuso yahlukahlukile. Uko umbuso ono kumkani uko ongenaye ongamfuniyo nganto. Naleyo into ibako ngokuzibonela kwizizwe ngezizwe. Naxa-ke kunjalo into yokudalwa nokucitwa komteto ihleli ifana emongweni wayo kwizizwe ezino kanyo.

*Umteto wakwa Lizwi.*

Singati lo umteto awuveli ngokuzibonela nokuzitandela kwesizwe. Wona ulawula unqulo uza ngokutyilelwa. Ube ngumteto we Zulu.

*Ubutataka.*

Yomitatu lemiteto ihleli inobutataka. Iti ukuze izuze igunya elililo ilifumane ngesazela somntu. Iba namandla kowamkele watobela ngokutumakalala kuba epetwe sisazela esikuye isiso esimnyanzelayo. Ongenaso eso sazela angawutobeli. Iko into yokumbamba ohlwaywe ade abulawe kuba esapula umteto. Lonto yenziwa kuzanywa uko-meleza umteto. Kanti kunjalo nje amasela awazange apele nezibulala mntu zihlala ziko.

Ikwa yilonto nakulo wakwa Lizwi. Umntu wokula ewazi umteto eqeqeshwe ngawo ngabazali bake. Kanti omnye uyakuti lento yonqulo neyokutobela imiteto yakwa Lizwi andinanto nayo mna. Aqube njalo iminyaka afele kulonto engabanjwanga wanyanzelwa bani, kuba umntu otobele lemiteto ngopetwe sisazela esikuye ngapakafi Lendawo icaciswa kwa zizibalo. Kuti kutetwa ngomnqopiso omtsha odalwa ngu Tixo kubeko eli, "Ndiyakuti ndiyibeke imiteto yam ezingqondweni zabo. Ndiyibale ezintliziyweni zabo. Ndibe ngu

Tixo kubo nabo babe ngabantu kum." Babe ngabantu abanento ebapeteyo kubo ngapakati: isazela esisiso.

Kuti kwaku kangelwa indawo ezinjalo kuvele umbuzo oti; Ungaba uko-na umteto owomeleleyo ongapulwayo. Uko: lo siti sifunisela esi Xoseni ngo wendalo.

*Umteto Wendalo.*

Kuko ndawo mbini ntatu esingalinga ukuzicacisa sitshayelela. Yonke into ekoyo inomteto wayo. Yaba yinto ekoyo ngomteto. Ukubako apa ingabiko paya kukwa ngomteto. Nokuba iyahamba iyasebenza konke oko kungomteto wayo olapa kuyo olaula yona.

Make sikangele umbane lento ihleli isoyikeka emntwini. Udaleka ube yinto ekoyo ngomteto wawo. Ukuba lapa ungabiko paya kukwa ngomteto. Ubeta apa ungabeti paya kwangomteto.

Ekuqubeni kwake umntu ude wayifunda wayiqonda lemiteto. Wati-ke ngoko wakwazi ukuwudala umbane, wona lo ulenya emazulwini, adale into enokubulala amawaka. Kanti kuba eyazi imiteto ewulawulayo uyakwazi ukuwulawula awenze isicaka sake. Naku o Tram, o Loliwe ne Enjini ezingapele ndawo zihamba ngombane. Naku izixekokazi ezikulu zibanekwa ngombane. Odalwe ngumntu upetwe ngumntu umnye nalo ulenya emazulwini. Lonto uyenza kuba eyazi imiteto yendalo elawula lento. Kodwa-ke kuba engumntu engem Dali uke aposise alibale ize ke into edalwe nguye ibuye naye imbulale.

Kwakona naku umntu enduluka e Kapa ababe esibakabakeni pezulu aye kuwa e Tekweni. Unduluka nge blakfesi afike nge dinala. Akunga

bugqi akunga tamsanqa afane wabaqana nalo. Usebenzise ubucopo bake wayilanda wayifumana imiteto yendalo elawula lento wakwazi ngoko ukuyenza.

Kwakona nanku ndihleli endlini yam e Toleni ndiyiva yonke inteto yomfundisi eshumayela e Johannis. Ndiyive yonke ingoma eyenziwa e-kon-satini e Kapa. Akuko lucingo lusuka apa luye kwezo ndawo. Umntu usebenzise ubucopo bake wayiqonda imiteto elawula into ehamba apa emoyeni ingabonwa bani ingaviwa bani. Yena-ke uyakwazi ngayo lomiteto ukuyi nqakula ayenze ivakale.

Kuko ndawo apa efuneka icacile. Lemiteto yendalo ayipele ndawo ngobuninzi bayo. Umntu onanto enoluto afunde yona ngayo uhleli esiti eyona mininzi andiyazi ayaziwa bani.

Kungeko mntu onokuyazi yonke kuba engumntu engem Dali. Kuba lendalo edalwe ngum Dali nemiteto yayo ihleli ebukulwini bayo ingapaya kwengqondo yomntu. Nakule yaziwayo akuko mntu unalo nebongo eli lokuyazi yonke. Omnye wazi le yalento asebenza yona. Omnye wazi le yale isetyenzwa nguye. Wobuza kulo ati andinayo nentwana endiyaziyo kulonto. Hamba uye kubani osekutini nguye osebenza lonto, eyam yile.

Ukulinga ukuyi cacisa lento ingumteto wendalo siyaku teta ngomteto omnye owazeka kapukapu sibe ngokwenjenjalo siyazekelisa.

## Umteto II.

*Umteto wom Tsalane, Law of Gravitation.*

Lomteto ulawula zonke izinto ezikoyo: Ilanga, Umhlaba, Amatye, Abantu. Uzipete zonke zipela nokuba ziyawazi nokuba aziwazi uyazilawula kuba ngumteto wokudalwa kwazo.

Tata ilitye ulipose liyakubuyela emhlabeni; woyenza lonto ngamatye alikulu uyenze ikulu leminyaka isipelo sinye ayakubuyela emhlabeni

Isidenge siti liyakutini kade ukungabuyeli ezantsi libekiswa pezulu nje. Sitsho kuba singazi nto ngomhlaba lo simi kuwo. Umhlaba yimbumbulu edada esibakabakeni. Akuko nto-ke ingu pezulu no ezantsi. Hlaba umnxuma apa uhambise uyakude upumle kulembumbulu uvele ngelinye icala. Apo-ke kuko abantu abanyawo zihleli zikangelene nezi zetu. Salata kwelinye icala nxa siti pezulu bona balata kwelinye. Inyaniso yona yeyokuba sihleli sisalata elicala intloko zikangele kulo. Kanti-ke kuba inyawo zikangelene okwe mpukane kumacala omabini etangeni, opezulu betu abafani. Pezu koko lembumbulu sikuyo ihleli iziqengqa. Emini ndalata kwelinye icala nditi kupezulu, ebusuku ndalate elinye ndisiti nelo lippezulu. Ndipandlwa futi leli cala intloko ikangele kulo. Eliya litve liposwa ngulamntu onyawo zikangelene nezam libeka ngapi? Liteni ukusuke libeke kulo pezulu wam.

Inyaniso yona yeyokuba ilitye nomhlaba kuhleli kutsalana. Ngumteto wokudalwa kwazo lowo: yonke into ekoyo ihleli itsala zonke ezinye—zitsalana zonke. Lonto ilapa kuzo: zidalwe njalo.

Kodwa-ke kuba ilitye liyintwana engeni umhlaba umkulu, ukutsalana kwazo kusuke kufane nokwe ntakuba nendlovu. Yotsala itsalile intakumba, isuke ize apa endlovini, kanti indlovu ayiva nto itsalayo.

Kuhleli kunjalo entweni zonke ezikoyo. Ngumteto wom-Tsalane lowo.

*Amandla om-Tsalane.*

Ayazeka anokutelekelelwa kuba nawo alawulwa ngumteto owaziwayo. Inggondi eyoduma kuse opakadeni, u Newton i Ngesi waba ngowokuqala owawu qodayo umteto olawula amandla om Tsalane.

Kuti kwakuba lapa isi Xosa sisuke sipelelwe. Singati kodwa silinge ukuteta into engazanga icingwe kwa Xosa. Amandla omtsalane ayahluka hluka ngokufeneyo nesiqu—mass—sezinto ezitsalanayo: pezu koko ayahlukahluke ngokunxamnetuba elipakati kwazo, ituba elo lipindapindwe—squared. Oko kuxela okunje.

Masiti into ngu 1 no 1 ituba ngu 1

Amandla ayakuba ngu 1 x 1

— okokukuti ngu 1

1 x 1

Into mazibe ngu 5 no 5 ituba ngu 1

Amandla ayakuba ngu 5 x 5

— ngu 25.

1 x 1

Izinto masiti ngu 5 no 5 ituba ngu 5

Amandla ayakuba ngu 5 x 5

— ngu 1

5 x 5

Izinto mazibe ngu 5 no 5 ituba ngu 10

Amandla ayakuba ngu 5 x 5

— ngu 1/4

10 x 10



Kunjalo futi ezintweni zonke. Naxa kutetwa ngokutsalana kwe langa nomhlaba kusenjalo. Masiti ilanga ngu X umhlaba ngu Y ituba ngu Z Amandla ayakuba ngu  $X \times Y$        $XY$

$$\frac{Z \times Z}{Z^2}$$

Ngokuba-ke kusaziwa lemiteto ipete into zonke ; zininzi izinto ezinoku telekelelwa zaziwe, zaziwe ngokucacileyo ngokuqinisekileyo.

Inokwaziwa imikondo ekuhanjwa ngayo yinyanga, umhlaba inkwenkwezi nemigca, kuba zonke ezo zimbumbulu ezidada esibakabakeni ileyo ihamba ikawuleza ngomkondo wayo. Koti-ke kuba kuko ulwazi olunjalo umntu ati emva kweminyaka emashumi mane emva kwe mini ngosuku lwesibini ku June abantu abase S. Africa hobona itunzi elangeni. Akaqashisi uteta into ayaziyo kuba esazi ukuba ngolo suku inyanga yoba sekutini emkondweni wayo umhlaba ube sekutini ilanga libe sekutini.

Kwakona kuba lento yokumka nokubuya kowlandle ilawulwa ngulomteto unokuti umntu. Ngo suku lwe shumi ku December ngo 1942 ulwandle luyakujika luqale ukubuya e Cwebeni le Qonci e Monti ngo 11 kanye, e Cwebeni le Thames e London luyakujika ngo 11.35. Uyavazi lonto. Umntu oteta into angayaziyo ndim xa nditi ndiyakuvuka ngomso ndilime ekutini kuba ndingawazi umbane okanye inyoka engandibulalayo ndingayi boni lo ngomso.

Kwakona, kuba ukuhamba komgca kupetwe ngulomteto umntu unokuti lomgca siwubone kulonyaka uyakumka umke upale apo kungeko ntsimbi yokukangela inokufika. Ekutini uyakujika ubuye ngomkondo otiyo. Emva kweminyaka emashumi

asixenxe ubonakale ngo August. Kusuku lwe-shumi elinesibozo wokanya ube mkulu, kolwama shumi mabini anesibozo wobonakala luzizi entla entshonalanga: ube uyemka njalo. Uteta into ayaziyo kuba lomgca upala upetwe ngumteto owaziwayo. Umntu oteta into angayaziyo ngoti ndiyakukwela e Qonce kule train ihamba ngo eight ndibe ku Komani ngelitiyo, ndibese-Kapa ngelitiyo. Uteta into angayaziyo kuba le train ihamba ipetwe yimiteto yabantu ehleli isapulwa. Umgca wona uhamba upetwe ngumteto wendalo ongapulwayo. Awupazami awuposisi ngoko. Noku twasa nokufa kwe nyanga kunjalo noku twasa kwe hlobo nokuhlela kobusika kuawanjalo kuba kulawulwa ngumteto ongapulwayo owom tsalane.

Unjalo umteto wendalo. Sesitshilo-ke ukuti imiteto yendalo ayipele ndawo ebuninzini bayo. Kuba kuyo yonke into ekoyo kuko umteto. Kuba lendalo idalwe ngobulumko obubobom Dali. Kuba ke obobulumko bubobom Dali buhleli bungapaya kwengqondo yesidalwa. Nasipina isilumko sazi intwana apa nentwana apa singa soze siyazi yonke lendalo nemiteto yayo. Kanti ke ngayo lentwana ide yazeka umntu uyasizakala kuba inqubela pambili nentlalo ntle ixomekeke ekuyazini lemiteto. Into zonke ezisetyenzwa ngumntu ziba nempumelelo xana asebenza evene nomteto ancedwe nguwo. Kunjalo ekulimeni umbona, kunjalo ekudaleni i Fly machine, kunjalo ekondleni abantwana, kunjalo nasekwakeni uhlanga. Into equywa nxi nomteto ihleli isoliwe igwetyelwe ukubanga. Into equywa ngokuvana nomteto ihleli itamsanqelwe ipiwe ukupumelela.

Apa sike salibala sizama ukuba umlesi abe

---

nengcinga eyiyo ecacileyo ngalento ingumteto wendalo. Sitete ngalo womtsalane kuba upandle unokuqondwa nayinkwenkwana esesikolweni ungenako ukupikwa nanguwupina onofifana lwemfundo eyiyo. Sizama njalo ukucacisa lento ingumteto ngokuteta ngalo uhleli ucacile ukuze kuti sisiya kweminye engati isitele umlesi abe nako ukucinga ngomteto alande eve.

## Umteto III.

*Umteto we-Nqubela,—Law of Evolution.*

Apa kwakona kuyaxaka, kunge kuyinkohla, ukuteta ngesi Xosa into ehleli iqekekile icacile esi Ngesini.

Lomteto uti yonke into ekoyo imelwe kukuqubela pambili. Into epikele ukuma ndaweni nye iyaku tshitsha ibange. Apa singati ibali lomntu pantsi kwelanga lizele zizidumbu zentlanga ezafayo zibulawa ngulomteto kuba zapikela ukuma ndaweni nye zikangele emva. Yaba sesomfazi ka Lote. Ngumteto wendalo lowo upete yonke into ekoyo ngakumbi le ipefumlayo,

Olu hlanga lungama Skotshi lwaluke lupala emahlatini luqabe imbola, lunqula ilanga nenyanga, luxela abantu lubenza amadini. Luyilonto luyiyo namhla kungokutobela lomteto wenqubela. Mhlana lwema lwakangela emva luyakufa luxele ezinye ezafayo.

Lenkomo yam igudwayo indinika i emere ezimbini ngemini ngemini ivela kude. Yayike iyinyamakazi epalela ngokuzibonela emahlatini. Umhlaba siti sisimakade esingaguqukiyo. Kanti akukonto iyileyo. Siti sipandlwa bufupi beminyaka yokubona kwetu. Wawuke ulidangatye elivutayo nje ngokuba ilanga lisenjalo. Ekuhambeni kweminyaka waya upola ngokupola, ngenqubela yawo, wajiya wada wayilento siyibonayo.

Kangela emgodini paya e-rawutini. Uti wakubeka ezantsi kakulu apo kungeko mita yelanga ike yafika kube kokona kuba shushu. Ngani ukuba kube njalo? Into enkulu ekupoleni kwayo, nelahle eli linotutu, ipola umpandle kuqala. Paya esa-

zulwini somhlaba yonke into isavuta. Amatye izinyiti yonke lonto inyibilikile lelo dangatye lisekoyo apo.

Kuwo lonyaka intaba e Italiya ibodle umsi nedangatye kwapuma amatye anyibilikileyo. Yangumlambo womlilo lonto yagubungela amahlati, nendlela nemizi. Ngulomlilo usekoyo esazulwini somhlaba. Siqonda apo ukuba esisimakade singumhlaba asiyiyo lanto besikade siyiyo—ungeyiyo nalanto woze ube yiyo. Nawo uhleli uqubela pambili upetwe ngumteto wenqubela. Yonke into ekoyo—izilo, imiti, abantu, nentlanga, umhlaba, inyanga, imigca, ilanga konke oko kapetwe ngumteto wenqubela. Ngum Dali yedwa ongenabuyambo nasitunzi sakujika; ohleli engu Tixo emnye; kuselokwapakade kude kuse epakadeni: ungu Tixo yena. Konke okunye kupetwe ngulomteto oti qubela pambili guquka ekuguqukeni kwama xesha.

Kuti kodwa kuba lento iyinto epefumlayo inako ukuzitandela izibonele—nantsi inkomo yam ipikele ukupala iye kutshona entlanjeni nditanda ukuyiqabelisa—kuti kodwa apa emntwini kube ngakumbi. Yiyo lento kwahlala kuko ukupitizela nokucitakala entweni zomntu. Inyanga yona iyafa itwase ingapazami ingaposisi. Ilanga liyabuya limke lingamangali. Ihlobo liyatwasa kuvele nobusika kungeko kupazama kuba zonke ezo ziwutobele umteto wazo. Umntu yena liramnco elisoloko lipetwe zingcwangu nokuzitandela.

Kuvela apo ubupitipiti nokutshona nokubanga kwentlanga. Kuvela kulento yokuswela ukuwuqonda nokuwutobela lomteto wenqubela. Uzitatela ngalonto umntu amashwa ake. Kanti uyakulwa

elwile azitandele ezitandele ekupeleni kuyakuma into enye. Izinto ezilwa nom Dali kuba zisilwa nemiteto yendalo ziyakubanga, kuba ihlabati eli sihleli kulo lelake ulipete ngalemiteto yake alidala ngayo.

*Umteto wokupumelela kwe fanele ukupumelela,  
Law of the Survival of the Fittest.*

- (1) Into engenako ukuqubela pambili iyabanga.
- (2) Ukuqubela pambili kubako ngokuzama.
- (3) Ukudla ubomi kubako ngomzamo.

Ilitye alinawo umzamo yinto ifile. Umti unawo. Ngumzamo ukutata into paya emhlabeni iguqulwe yenziwe amanzi anyuka ngamasebe adale amagqabi. Uyafa umti ongawufeziyo lomzamo. Intaka inomzamo yakela amatole ayo indlu iwafunele umfunzelo izifunele nayo ukudla. Lomzamo wayo ute tyi kowomti kuba obayo ubomi bungapezulu kobomti. Nayo inyamakazi yasendle ihleli izama ifuna amacebo okunqabisa amatole ayo. Akuko buvila apo kuba isisu sentaka nenyamakazi siteta msinya xa kungeko mzamo.

Umntu ungapezulu kwentaka nenyamakazi. Owake umzamo nawo ungapezulu kowazo. Itole lenyamakazi liti linonyaka omnye lizelwe lizibonele. Umntana womntu uhlala iminyaka elishumi elinemivo etwelwe ngabazali. Yonke lonto yenza ukuba umzamo womntu ube mkulu.

Kanti abantu abafani ngentlalo. Ohleli ebu rwadeni uhleli engenawo umzamo onzima. Upila ngenkomo zake zibe nazo zilunga elizweni elipangaleleyo. Indlu yake uyaka ngalengca izalise ilizwe, ingabi nampahla ayakuyitenga kwabanye. Ohleli kwelixineneyo ahlale esixekweni esikulu udla ngemali. wambata ngemali, ufumana indlu

ngemali, ubasa umlilo ngemali, ade afumane namanzi la ngemali—irafu. Yonke lonto ikulisa umzamo. Kuvela apo ukushiyashiyana ngamandla nengqondo nokusunduzana nokupangelana ezisulwini.

Paya eburwadeni bangamadoda bonke, zinkomo zika Nokala zonke, bangabazalwana bonke, bayalingana bayavelana. Apa e dolopini abazalani abalingani abanalo novelwano. Onamandla uyaqabela ongenawo uyatshona. Yinqubela leyo. Ayimnandi ayinalo ufefe. Ihamba ngomteto wayo. Ongenako ukuqubela pambili uyatshitsha, ongenawo umzamo onguwo uyatshona.

Ifikile e S. Africa lento: sekukade izixela noxa ingabonwayo luninzi lwabantu. Nasi esinye isiqamo sayo esibonakala ngokucacileyo. Kuko namhla e S. Africa i 150,000 ama Bùlu azimbedlenge. Into ezinyibilikileyo zapelelwa bubuntu, zapelelwa yinkutalo, zapelelwa ngamandla. Kutiwa zi "Poor Whites." Lo "*Poor*" akaxeli buhlwempu boku-swela buxela ukunyibilika kobuntu. Bavele pi ababantu? Baswela ukuzama, baswela ukusebenzisa imizimba nobucopo batshona, atshitsha lomandla omzimba nobucopo bebenawo. Ngezi "Colour Bar" zake u Hertzogo uzama ukukùsela, ancede olovuvu. Oyaziyo imiteto yendalo elawula intlalo yomntu uteta linye ati: Uyaxoka uzama engazamekiyo. Banyibilikile abo bagwetyiwe yimiteto yendalo. Makabancame abasebekulele kulento yabo. Makazame abantwana; nabo wobazama ngokubahluta kubazali abahlalise ezisimnareni ezibutolongo bafundiswe qata ukusebenza. Kanti-ke nakwaba sebelapo kuko abancanylweyo kuba kungeko nto

inokuba hlaziya babe ngabantu abangabo. Nditsho kuba ndike ndiye apo ndibone ngawam amehlo, ndixoxe nengcibi ezipete ezo ntsizana.

Into enje sayifunda singabafana, sawuqonda umteto wendalo oti: amandla angasetyenziswayo ayatshitsha—atshitshe ade abange. Kuko zintlanzi ezazike zinamehlo, zapikela ukuhlala emiqolombeni emnyama pantsi kwamanzi, zisenqena imizamo yokupumela pandle elwandle zizibonele. Atshitsha amehlo. Inzala yazo ayisena mehlo. Kuko izilwanyana ebezike zihamba. Ngokoyika intshaba zapikela ukuya kuhlala ezingqweqweni—shells—ezindala. Yatamba yatamba imizimba; namhla inzala ayisenako ukupuma apo, enye ayisenako nokuhamba oku. Ngumteto wendalo lowo. Into enga wasebenzisiyo amandla ayo iyahlutwa iwaswele.

I Professor yodumo eyasiqabula ingqondo singabafana u Henry Drummond yabala incwadi eyaguqulelwa entetweni zentlanga zonke ezinemfundo eyiyo—yafundwa ngumntu wonke oneliso elibonayo.

*Umteto we-Ndalo entweni zase Moveni.*

*Natural Law in the Spiritual World.*

Usibonisa ngokucacileyo ukuba entweni zengqondo nakwezo mpefumlo umi umi lomteto. Onga sisebenzisiyo isipo anaso uyasahlutwa abe yinto yokusunduzwa ngabasebenzayo atshone—kutshone nenzala yake. Kwaba njalo kwezi Poor White zase S. Africa. Intsha lento kweli letu. Iyafika isayakufika ngamandla. Seyifikile kumzi on-Tsundu nakuba uninzi lungenanto luyibonayo. Make sikangelise into eseyiko.



1828—1928.

Ngo 1828 u Zamxaka no Pindela zizityebi : ama waba ase Kunene. Ngabalingane; bayalingana ngenkomo nangokubekeka.

Ngo 1928 abazukulwana babo u Simon no William abalingani nakancinane. U Simon upuma esikolweni eyi 14 epumelele u III. Yena usatanda ukufunda—kuba nalo III upumelele nzima emana ukuswela incwadi nengubo zokuhamba esikolweni, emana ukutunywa nguyise—kodwa-ke akanako ukuzinceda. Ekaya yindlala, zintswelo namatyala evenkile. Umelwe kukuya kufuna lotikana angayisebenzayo.

U William upuma e Kolejini e Edinburgh eminyaka eyi 26, eligqira elipeleleyo. U Simon uya-kwalupala esebenza i £50 ngo nyaka. U William usebenza eselula i £1000 ngo nyaka. Lomahluko uvela pi? Kangela emva ulande.

Lwafika ukanyo ku Zamxaka no Pindela behleli kunye. U Zamxaka waxakwa zinto zake, watanda ubunyama. U Pindela wabona wapakama wazama. Lwaya lukula kuye ukanyo, wamfundisa wamqeqesha unyana wake. Oka Zamxaka akafundiswa-nga. Oka Pindela umfundise kakulu owake unyana u So-William, oka Zamxaka umyekele owake u So-Simon. Ute evela u William uyise seleyindoda eyomeleleyo eqabukileyo ekwaziyo ukumxobisa ngokupeleleyo unyana wayo imenze indoda eyiyo exobebe zonke intshaba, enokuzibonela naxa sekupina.

U Simon yena uvela uyise etshone kade engenamandla okumxobisa unyana wake. Yiyo lonto u Simon eyakufela kule £50 ngonyaka u William yena sekukade ezuzi i £1000 ngonyaka.

Obu bunje abufananga bako ngokukohlakala kobani nobani. Ngumntu ngobuvila bake nokutanda ukunamatela entweni ezindala uzitatela yena atatele nenzala yake amashwa.

Yinqubela leyo. Wenjenjalo ukusebenza umteto wayo awunalo ufefe: akuko nkwali ipandela enye apo. Kuxa kunjalo namhla e S. Africa. Into engenawo umzamo iyasunduzwa itshone namatole ayo azalelwe emashweni. Into enawo umzamo isunduza ezingenawo iqabele amatole ayo iwaxobise azekwenjenjalo nawo.

Sitsho njalo-ke Zinkosi zakwa Ntu. Siteta eli sineminyaka emashumi matatu anemivo siliteta. Apa kwa Gcaleka baninzi abayaziyo lonto. Nali lifinyeziwe.

- (1) Ukuba unga ungadla Sebenza.
- (2) Ukuba unga ungakula ube noluto sebenzisa umzimba usebenzise ubucopo. Ezonto zikula zomelele ngokusetyenziswa.
- (3) Ukuba unga ungazala inzala enoluto exobebe zonke intshaba sebenza, qeqesha, kubeko Ufuzo Olululo. Eyokuqala intonga "Lufuzo Olululo eyesibini yingqeqesho eyiyo.

#### KWAKONA.

- (1) Lendalo esikuyo ipetwe ngemiteto yendalo
- (2) Uko owe Nqubela.
- (3) Uko owoku Qabela Kwezifanele Ukuqabela.

Lomiteto, masilitete neli, ayazi nto yona ngamalungelo omntu. Lomalungelo aziwa ngumntu lowo kowake umxelo. Imiteto yona iti Yenza si-bone lento uyenzayo, ngawako amandla, neyako ingqondo. Owenza into eyiyo uyasikelelwa apiwe ngokupiwa amandla. Ongenanto eyiyo ayenzileyo uyagwetywa ahlutwe nalomandla ebenawo.

Kuxa kulapo namhla kwa Ntu. Sekobona abasekoyo, babone ukupumelela kwenzala yamadoda anokuva ukuxelelwa.

Nali clinye ekufuneka litetiwe liqondwe: Lemiteto ayazi nto ngamalungelo omntu. Lomalungelo aziwa ngumntu lowo kowake umxelo. Lo uhleli eteta ngamalungelo ake engazi xamli ngokubona nokufeza imfanelo zake, use sebusuku. Akuko lungelo laka lafikela umntu etambile; Ilungelo lizalwa yimfanelo efeziweyo. Entweni zendalo kuko okunje: Imiti emibini iyagawulwa, omnye uposwe egoqweni uhlalele ukubaswa, omnye ungeniswa endlini uqingqwe ugudiswe ube yintonga ekosi kumninimzi. Ngani! Omnye uyifanele lombeko, omnye awuyifanele. Nasebantwini kuko okunjalo. Omnye uma pambi kokumkani abe sisikulu, omnye uteza inkuni, ake amanzi, abe sisicaka sezicaka. Bahlukile njengokuba intonga zahlukile.

Imiteto yendalo ikangele apo. Yona iti "Yenza." Yenza eyako into siyibone—siboniswe yiyo amandla nengqondo elapa kuwe. Yenza umsebenzi sibone into oyifaneleyo nendawo ekufaneleyo; kuba lento iluluntu ingumzimba omalungu ngamalungu, ilelo linendawo yalo elifanele yona. Yenza into eyeyako uxelwe yiyo. Owenza into engeyiyo uyagwetywa ahlutwe nalonto anayo. Siti ngoku sikangele imiteto yendalo sotuke sesiboniswa into eyatetwa yi-Nkosi kulamzekeliso we talente.

Kuxa kulapo-ke namhla kwa Ntu. Sekobona abasekoyo babone ukupumelela kwenzala yamadoda anokuva akuxelelwa abone akuboniswa.

## Ama-Siko.

Umntu ofundileyo wakutala wafunda futi eziqabula ingqondo wada wayakufika emfundweni eqiqisayo—liberal Education—unokuyibona lento kutiwa Yinqubela: Evolution. Uyawafunda amabali entlanga ngentlanga uyayifunda imiteto yendalo; ayiqiqe lendalo edalwe ngum Dali ehleli ipetwe yimiteto yendalo: Laws of Nature. Abone apo ukuba akuko nto imileyo yonke into iqubela pambili.

Ilanga, inyanga, ulwandle, umhlaba zonke ezo ziyaguquka aziyiyo lanto bezikade ziyiyo. Zonke zipetwe ngumteto wenqubela. Zonke zibeka pambili ziya entweni engeyiyo le ziyiyo namhla, kuba zonke zisuka entweni engeyiyo le ziyiyo namhla.

Kuba ngakumbi kwaku kangelwa emabalini entlanga. Kuba zona ziyinto evele izolo; ziguquka, okanye zibange, ngewakana elinye leminyaka.

Zonke ziyahamba, kukade zihamba, ngayo lendlela yenqubela. Zonke zivela ebunyameni naseburwadeni bemvela. Aluko olwavela lufundile, aluko olwavela lunengqondo eqiqayo. Make sika ngele izinto zomntu siyibone lento yenqubela.

### *Izixobo.*

Izixobo zemvela ngamatye. Aliko ilizwe elaka lamiwa ngumntu elingayi xeliyo lonto—Europe, America, Africa, Asia imbali inye. Ayacolwa lomatye kuwo onke lawo. Awapele ndawo e-Xesi nalapa e-Nciba napina.

Ilitye libazwa ngelinye libe bukali libe sisitshe-tshe. Lipehlwe ngelinye libe nentunja libotshelelwe entongeni libe lizembe, libotshelelwe elutini

libe lutolo libe ngumkonto. Kute kunjalo kwavela imboni yabona ukuba amatye atiyo ebaselwe umlilo avelisa isinyiti. Waqala umntu walahla izixobo zamatye waxoba ngesinyiti. Kwavela yimbi imboni yabona intlobo ngentlobo zesinyiti. Alahlwa amakáká enkomo kwavela izigcina ntloko nezigcina sifuba namakáká adalwe ngesinyiti esihle sikapukapu kanti silushica.

Kwavela yimbi imboni yabona iruluwa kwavela imipu, kwalahlwa amakáká nezigcina ntloko. Namhla umntu ubábá pezulu esibákabákeni atobebe intshaba zake idanamiti.

Lonqubela yeyama waka waka eminyaka Isiko layo linye. Umntu ufumana ngengqondo yake into enoncedo, kanti uyakuyilahla akuqubela pambili afumane enye. Kanti naleyo ihlalele ukulahlwa.

#### *Izindlu.*

Wavela umntu waxoba ngamatye kanti amaramnco maninzi. Indlu yake yaba semtini pezulu, emqolombeni nasemnxunyeni pantsi komhlaba. Wazama njalo ukuzinqabisa. Wati akufumana izixobo ezingati zizizo waqala wadala indlu yake. Wati, eswele impahla eyiyo yokuqingqa amatye nokucwela imiti wadala intente ngolusulwenyamakazi wadala ongqupantsi ngengca nezibonda. Namhla waka izindlu ezinokuma amawaka eminyaka. Iseyindlela enye le yenqubela. Ufumana into ayilahle akufumana entsha elungileyo kunaleyo. Kanti nayo uhlalele ukuyilahla.

#### *Ukudla.*

Wavela umntu wadla iziqamo zehlati, inyama namasi. Kwavela imboni ezabona ingqolowa, iresi,

umbona, njalo njalo. Kwako ukulima. Walima umntu ngolugxa lomti. Kwavela isinyiti walima ngegaba. Kwako ukudala ikuba kwabotshwa ihashe nenkomo. Namhla amakuba atsalwa zimotolo.

#### *Unqulo.*

Umntu wavela wanqula izinto ezingapele ndawo. Wumbi ugxumeka umti awuzobe ngamabala bala, anqule wona. Wumbi umisa ilitye ati ngu Tixo wake. Wumbi unqula into ati ilapa emlanjeni. Wumbi unqula ilanga nenyanga. Eligama liti Sunday Monday endaleni emantla e Europe lalisiti Sun-Day Moon-Day imini zokunqula ilanga nenyanga. Wumbi unqula oyise abafayo. Wumbi uti otixo ngama wakawaka, kuko nabangamadoda kuko nabangamankazana. Yonke lonto yeyobunyama bemvela.

Wati umntu akuqiqa akucinga Into edalwe ndim ayingenqulwe ndim. Ayiboni, ayicingi, ayisebenzi: ifile. Mna obonayo, ocingayo, osebenzayo, ohleliyo andinge nquli nto ifileyo. Waqala umntu wazivutulula izitixo zake wafuna lunqulo lumbi. Wati obawo bafile mna ndihleli. Eyabo ingcinga nawabo ama cebo afa ekufeni kwabo. Mna ndisacinga, mna ndisa ceba ndisa zama. Andinge nquli bona. Okufileyo kufile akunako ukulawula okuhleliyo. Kuyo yonke lonto singati indlela yomntu inye yilendlela yenqubela. Zonke intlanga, ezaba yinto enoluto, zahamba ngayo lendlela. Eyokuma ndaweni nye ayiko. Impilo ibako ngokuhambela pambili. Olukangele emva luyabanga, olunamatele entweni zemvela luzitatela ukufa.

Intlalo ntle yomntu kuku fumana into imncede aze afumane enye ayilahle leya, njalo njalo, futi equbela pambili nento zake zonke.

Yonke lento siteta ngayo singati xa siteta inteto yokuqqa ngama siko, nakuba ikakulu entetweni eqelekileyo eli liti i Siko liteta enye into.

*Ama-Siko.*

Tina singade sitande ukuliweza izwi elinje: "*Isiko lemvela yinto yobunyama nobudenge,*" yinto yokulahlwa kwakuvela ukanyo nenqubela eyiyo.

Kuba lento ilisiko elidala idalwe yintlalo yobunyama. Nokuba-ke libe yinto enoluto ngeloxesha, kunamhlanje lipelelwe lixesha alise nanto linceda yona seliyinto yokulahlwa kwezi mini zikoyo,

Make sizekelise sicokise.

*Indawo yom Nini Ndlu.*

Isentla, ngasekunene wakuvela ngomayango. Umntu oqiqayo unokubuza. Eli siko livela pi lidalwe yini?

Ipendulo ipandle. Lidalwe yindlu nazimeko ekwaku-hleliwe kuzo. Indlu ngungqupantsi incinane. Kakade ke iziko lise sazulwini hleze kutshe udonga lwengca. Kakade-ke lulunye nje ucango indawo emnandi ingapaya kweziko umntu ahlale ekangele umlilo ekangele emnyango. Ulapo-ke umnini ndlu.

Pezu koko ilizwe limiwe relerele, ama ramco anengozi maninzi nezigebenga ziko. Into eli polisa ayiko. Lendlu, nesibaya, igcinwe ngumnini ndlu ulala izixobo zikufupi. Kungavakala into esibayeni naselucangweni upakama exobe kade. Aka-soze agqite pambi kweziko ukuya emnyango. Uyakugudla ilongo aligudle ngalengalo yekohlo le ipete umkonto ihlale ilungile. Nokupuma kuyakukokela, ikaka umkonto uhleli ulungile. Indawo yake-ke ingasekunene ukuze asuke kuhle ukuya

emnyango. Eli-siko-ke lidalwe yindlu nazimeko ezaziko.

Lihle lilungile e Mbashe ngo 1820 linento elunce-do apo ngeloxesha kulondlu kwezomeko.

Kangela u 1920 e Bayi Umfo unendlu emagumbi mane. Ingcango zimbini, ifestile ziko, amaziko mabini omabini ayame udonga. Lilodwa igumbi elilala umninindlu lilodwa elo kudlelwa kulo. Ipi ngoku indawo yomnini ndlu? Entla ngasekunenene! Hayi, leyo into yafa kwakufa landlu eyadalwa yiyo. Namhla kuvele indlu entsha nje, kukukwavele isiko elitsha. Indawo yomnini ndlu isekupeleni kwetafile. Uhlala apo nje ngomongameli owongamele yonke into ehlala kulo taffle. Indlu entsha nemeko ezintsha zilicitile isiko elidala zavelisa isiko elitsha.

Isekwa yilanto siyibonileyo entweni zonke zomntu. Endala into iyalahlwa kwakuvela inqubela.

#### *Ukwaluka ngo 1820.*

Ngo 1820 into ka-Sibuta u Maci ihleli e Mbashe yonwabile. Ilizwe lipangalele, kufuyiwe yindyebo. Into yokupila ngokusebenza ayiko. Umsebenzi walomzi ufezwa lusapo nabafana. Amadoda wona into yawo kukupuma umkosi, nokuzingela, kukuhamba enkundleni, nokubuta kuxoxwe indaba.

Inkwenkwe ka Maci iyaluka. Kakade lonto yinto yenyanga ezine. Yimihlali nemidlalo, zizidlo namadini, zintlanganisela zomelwane lonke. Inkwenkwe iyalungiswa, isiwa ebudodeni, iyaqeqeshwa iyafundiswa iyalwe isondezwe kwiminyanya yakowayo. Kuba oka Sibuta unqula yona. E-Mbashe ngo 1820 lento singati inoluto. Lisiko elililo lokulungisa inkwenkwe.



Kangela-ke umzukulwana ka Maci. Ngo 1920. Use-Bayi. Ufundile utata ipepa lase Qonci uyalitata nelase Dikeni, pezu koko utata nelase Edinburgh. Sisikutali unomsebenzi onguwo. Upetwe yi wotshi. Ngo 8 usemsebenzini apume ngo 6. Usuku lokupumla yi Cawa. I Holiday ingaba ziveki ezine nezintatu enyakeni. Unayo imali e-bankini. Uhleli eyifungele into yokuba eyake inkwenkwe iyakuba yindoda. Iya e-Kolijini iya e-Edinburgh iyakuba ligqira elililo. Inkwenkwele uyondlile kakuhle, imbekile ikutele esikolweni inxamele e-Kolijini inxamele e-Edinburgh. Umcimbi wayo kukupumelela uviwo iqubele kolunye uviwo. Kuba iyabona kukude apo ifunzele kona. Iqondile okuba yona iyakulungiswa ukuze ifumane obububo ubudoda zi Professor e-Kolijini nazi Professor e-Edinburgh.

*Ukwaluka e-Bayi.*

Ekwaluseni kwom zukulwana ka Maci e-Bayi ngo 1920 azipele ndawo into ezazi xatyisiwe ngu Sibuta e-Mbashe ngo 1820 esiti yena zinoluto kanti namhla e-Bayi zilahliwe. Nazi ezinye—

1. Akuko dini livakwenziwa.
2. Akuko ntlanganisela yomelwane oluyakufumba kulomzi lutshonise amalanga imini nge-mini lusidla inyama lubonele ukutshila kwama kwenkwe.
3. Akuko msebenzi wa lomfo nalenkwenkwe oyakumiswa ngulom cimbi.
4. Akuko nantwana iyakutetwa ngeminyanya kungeko nantwana iyaku singiswa kuyo.

Konke oko kwafa, kufile kuku 1920 nje kusendo-deni efundileyo nje. Lominyanya ayinanto iyaziyo

ngokulungisa inkwenkwe chlalele ukulungiswa e Kolijini nase Edinburgh.

Into yokuqondwa apa yile ezanto zika 1820 ezazi xatyisiwe ngu Sibuta kanti namhla zifile azibulawanga yingqoboko. Zibulewe yingqondo yomntu ofundileyo waqabuka waqubela pambili.

Kuba lo uyingqola ekude le nengqoboko kanti ufundile uqabukile nguye kanye oyakuzikaba azicite into zakudala ngeratshi lemfundo. Ati kwelala apa nezonto zobunyama nobuntwana, mna ndiyindoda ndifundile mna ndihleli ndikangela pambili ndibeka pambili. Into yokukangela emva ndibêke kwiminyanya eyafa ikangele emva ayiko apa.

Kube ke lenkwenkwe iyaluka apa e Bayi ngo 1920. Kakade indlela yayo inye. Iyakusiwa egqireni elililo. Lonto ibe "yi private" yalendlu. Koti kukolwesitatu usuku ibe semsebenzini wayo; uyise yena engawuyekanga owake. Yonke lonto ifezwe nge shumi le sheleni.

Kube-ke njalo kuyiwa kulento siyaziyo sonke iko e Edinburgh, London, Pretoria, Kapa. pipi kubantu abaqabukileyo bentlanga zonke zenqubela

Indoda iyakuzibonela into etandwa yiyo. Enve ise usana olusebeleni egqireni enye ise ongati ute tyi, njalo njalo. Omnye ati woziyela xa kuqonde yena, omnye ayicase yonke lento. Nto ehleli ipandle yeyokuba lamfeketo ka Sibuta ka 1820 ifile yona. Kuba kufe iminyanya eyayi nqulwa nguye.

*Iinkomo.*

Kwa-Ntu lisiko elidala ukubako kwenkomo eyodwa ehleli yahlukile kwezinye inkomo zalomzi wako wayo. Iyakuba yinkomo yodumo kude kuye ezizukulwaneni. Nenzala yalomzi iyakwazana ngalenkomo, kutwe ubani lo ngowakulo nkomo itiyayo. Lenkomo yahlukile kweyobulunga, yahlukile kwakona kweyedini. Otandayo ukuyilanda into ayiqonde imvelapi yayo noluto lwayo uba nombuzo apa. Eyona nto idale ukwahluka oku nokuxatyiswa kangaka yintoni? Kuba ixabiso layo aliko ebuhleni nasebukulwini nasekupaleni xa zileqwayo. Ayifani nezodumo emlungwini. Zona ziduma ngobuhle, nobunzima, nangamasi. Yeyona ntoni le ikoyo kule yakwa Ntu. Kuye kube mfiliba kuvele amapike kwakuba lapo.

Bayateteka o-Hulushe, Mbombo, Bede, Bohili njalo njalo. U-Bohili yena ndisambona. Ixaka elide elihle, ubelu olungqabe. Ndaxelelwa pambi ko Ngcayecibi ngamakwenkwe akwa Gcaleka ndizingela nawo e-cwebeni le-Kobonqaba ati Leyona ineshologu lakowetu. Umlungu iyakumsukela imnyatele. Ndahlala ndiyi-xalele—yiyo lonto ndisayi bonayo—nditanda ukwayama ityolo ndakubona ipakama indweba. Kanti liko inxele elibomvu elixelwayo pesheya kwe-Kobonqaba ikwa yeyodumo nayo. Umana evakala no-Mbali inkomo yodumo esela amanzi e-Qora ku Holela.

Kanti kuti kwakukankanywa “Ishologu” kuvele impikiswano engena sipelo. Omnye ati ishologu yinto yasebugqwireni ayiko kubantu abangabo. Omnye apike alwe ati kowabo iiko ishologu yinto eluncedo; elako wabo lona alinanto nobugqwira.

Omnye atete nge-Minyanya. Omnye wazi imi-Londekaya. Omnye axele Izitonzela. Omnye ati Havi izitonzela zinto ezivuswa ngamagqwira emangcwabeni. Omnye apike kupele ati obawo bonke baye kwelo zwe lezitonzela, bahleli kulo, abako apa emangcwabeni, abananto nento zobugqwira.

Isuke lonto ibe ngumdudo wononkala ongena cala uyakuze usingise kulo. Yinto yabo-ke leyo. Kuba owasezincwadini uhlele esazi kade okuba zinjalo into zaseburwadeni. Inginga ihlala imfiliba kwakupatwa into enje ngaleyo. Inteto nengcinga yakwa-Ntu, nezinye izizwe eziswele incwadi ezizezabo, iti intle icacile imnandi xa kutetwa ngento ezibonwa ngamehlo nento ezenzekayo zaba libali, isuke ipelelwe kwakupatwa into ezingabonwayo. Yatetwa lendawo yafezwa ngamadoda amakulu azingqondi ezahlala zifunda incwadi ezizizo eziqiqisayo ada azingwevu: oka Jabavu noka Makiwane. Bati bayayazi bayayitanda inteto yakowabo kuti kodwa bakufika entweni yengcinga enzulu banyanzeleke batete isi-Ngesi ukuze ingcinga abanayo bayikupe ngokupeleleyo icace kubo nakulo bateta naye. Kuba eyako wabo inteto isuke ipelelwe iwaswele amazwi alingene longcinga. Wonke ubani oqele ukufunda incwadi ezizizo uyayazi lonto. Uyazazi incwadi ezikapukapu ezininga guqulelwa esi-Xoseni Uyazazi ezinzulu ezingenako ukuguqulelwa esi-Xoseni. Onga angayiqonda lendawo maze ati, okuba kambe uyawazi lamazwi nengcinga ayipeteyo awaguqule. "*Idea, ideal, principle, mind, matter, being, substance.*"

Mna mntu ositandayo isi-Xosa ehleli ezama ukusifunda acokise kudala ndimana ukubuza kwaba

badume ngokusazi okuba anje amazwi angatiwainina ngesi Xosa. Asuke ama-doda akwa Ntu axele amatole enciniba kwakubalapo. Ileyo imke ngeyayo indlela eyaziwa yiyo yodwa. Nalonto ipelele kwaku lomdudo wononkala. Ngala afunda ku-Nokollegi aqeliswe i "Science" ne "Philosophy" angabuye atete into evanayo okuba kambe awayi kusincama isi-Xosa apelele esi-Ngesini. Yiyo lento-ke ibangela lomdudo wononkala kwakufunwa ukugondwa lento ikoyo kulenkomo yakwa Ntu.

Ngokufunisela singati lenkomo yaba yinto enoluto kuba kusitiwa ingcwele ekaya apa. Kuko lusizo lufikayo ngokubako kwayo. Kuko nto zinkwazeka ziqondwe ngayo. Ngalinye singati abangasekoyo kweli sikulo abahambayo bahlala kweliya singaliboniyo bayazi lenkomo inoluto kubo. Kuko nto zivela kubo zinokufika kwaba baselapa zifike ngayo lenkomo. Eyakwa Ntsikana yaduma kuba kusitiwa u-Ntsikana waba nazinto aziqondayo ngalenkomo. Bambi bati ide yateta nokuteta. Kanti-ke kunjalo nje ngezo mini zazingapele ndawo inkomo zodumo kungeko mzi unguwo ongenayo eyawo. Kunjalo nje kungeko mzi onokuvuma okuba kuko nto kule yakwa Ntsikana ingekoyo kule yakubo. Eyakwa Ntsikana ezekuduma bu-mini kuba kudume u-Ntsikana. Ezinye zaswela ukuduma kuba abaninizo bengadumanga.

Sibone apo okuba lento yinto yomntu, ifanamento zentlanga zonke, ebunyameni bake efunisela enga anga nanto inokumazisa ngento zeliya zwe angaliboniyo kanti uhleli enesazela ngalo. Owakwa Ntu wabona ikomo. Yangulomzi nalowa waba neyawo zaza ke zaba zinkomo zenzala yalomizi.

*Totems.*

Isiko elinje lidala kwintlanga ezininzi nezimhlope nezinjanina. Abafunde amabali namasiko nenqulo zentlanga zasendaleni bayalazi elisiko bati lele "Totem." Esingati i Totem yinto ehlanganisa-  
yo okunye edibanisayo abantu abayimizalwane.

Bambi eyabo i totem yingonyama, ingwe, ingwenya, ihashe, intlanzi, njalo njalo. Obani ngabakulo ngonyama. obani ngabakulo ngwenya, njalo njalo. Ngumntu uyafunisela ebumnyameni bemvela unga anga nanto ibonwayo liliso lenyama imxelele, imncede, imkusele mayela nento ezipuma kweliyazwe angaliboniyo, kanti uhleli enesazela nexala ngalo nabemi balo. Kwa Ntu kwatandwa inkomo; kodwa ke emongweni wayo leyakwa Ntu into iyafana ne totem yezinye intlanga.

*Inkomo yakulo-Nqubela.—Incwadi.*

Ingu 1928 nje zifile zonke ezo zaseburwadeni. Akuko mntu onalo nofifana lwemfundo eyiyo wayiva nakancinane impembelelo yenqubela ongati kuko nto ingaqondwayo ngenkomo le idla ingca.

Eyake inkomo yincwadi akuko yimbi. Nale nkomo yodumo u "Ndiva-kusithiwo," akananto nayo. Usuke ati ete incwadi leyo ndizibonele kuba ndiyindoda. Incwadi epete unqulo anditeti ngayo apa. Inleli iyodwa ezincwadini, nabantu bayo bebodwa ebantwini. Xa kuvele indawo ekubanjwene ngayo oyaziyo lencwadi uti: Bekani emyahlweni, esingqinweni! Ukuba bate abateta ngokwe-lozwi boba abana sifingo.—Yeshaya 8:20. Ngati liti. Boba bazizinto zasebunyameni eziyakufela ebunyameni.

Kuzo zonke izinto eziqabula ingqondo yomntu zimse ekukanyeni, azipele ndawo incwadi ezipete inteto zengqondi nezilumko namaciko entlanga zonke ezaba noluto. Lilifa labakulo Ncwadi elo Yinkomo yakowabo leyo. Bona bazana ngencwadi ezabavulayo amehlo bengabafana, nezabaqabula ingqondo bengama dada. Bancokola ngazo baxelanelane ezi bazifundayo kuyo leveki babonene ngayo. Yeyona ncoko yabo inoluto leyo; balupala kunjalo kungeko mini bangaziyolisiyo ngalenkomo yabo. Wowabona amadoda akulo ncwadi encokola, afikelwe ngabolunye uhlobo: olu lungazi nonceleleyo incwadi. Ayakukangelana axelanelane okuba konakele ngoku. Yinxamleko le isifikeleyo. Ngamakwenkwe anendevu la asifikeleyo. Besiteta into zobudoda, sizakufundekelwa ngoku luvuvwana olutetwa ngamakwenkwe, kuba ezinto azinanto nencwadi: ngama kwenkwe anendevu, naxa sekuko izimvi.

Kuku 1928 nje kulapo kumadoda angawo. Sekulapo nakula akwa Ntu ayiqondayo lento iyimfundo eqiqisayo—engeyiyo le ka-Pumeleia Uviwo ubeke njalo ufundile wafeza wazilahla incwadi. Yinkwenkwe leyo naxa seyinendevu—yinkwenkwe engqondweni. Kanti inezimvi.

Kuxa kuzakulunga kulomzi. Kuxa kuza kuteta abakulo ncwadi, amakwenkwe anendevu akwelele enxoxweni zamadoda. Kuxa kuza kuvela inqubela eyiyo, kuvele nenkokeli: ezizo zisatyelwe ngamadoda angawo. Kupele ukucekisana ngento ezingeni nencukwana ezicita ukuvana. Amadoda angawo ayakwazana, avane, ahlonelane ngalenkomo ivelayo. Owase Africa aqatyulwe ingqondo ngabase Europe, America, Indiya, pipipi. Nowa-

lomazwe ayazi ingcinga yom Africa onguye ngenwadi. Kuti kuxoxwa into apa, amakwenkwe esiti yeyalapa lento iqalwa siti apa ukutetwa, abakulo ncwadi bona sebezi xobise kade, bakan-yiselwa ngalomcimbi ngoku landa ingcinga zengqondi zentlanga ngentlanga ezazipete wona lo kanye umcimbi endaleni.

O Hulushe no Bobili bafle. Namhla Inkomo ezixelela amadoda into ezinzulu zincwadi. Ngaba kulo ncwadi abayakuba zinkokeli zosapo lakwantu ngemini ezinzima.

Abafana mabazi zame bancame iziyolwana nezi hombana batenge babuke incwadi baqabule ngazo ingqondo bakwazi ukukokela umzi.

#### ELOKUPETA.

Andingi kungatiwa ndiwacekisile amasiko akwantu. Akunjalo, kukade nditeta ngesin-Gesi nangesi-Xosa ndisiti ako amasiko angawo afanele ukugcinwa anje ngala:—

- (1) Umzi wakeka ube yinto enoluto ngo nqulo "*Oluwetwe ngumnini mzi.*"
- (2) Ukuhlonela abantu abakulu.
- (3) Ukubeka abazali.
- (4) Ulwaluko.
- (5) Umfana ongowomzi onguwo acetyiswe ngamadoda amakulu omzi ekuzekeni.
- (6) Isicakadi. Namanye.

Obawo bandityela ngobudenge bokutyabeka izinto zabantu bolunye uhlanga ngegama lobu Hedeni, ukuze zilahlwe ngegama eli zinga landwanga zaqondwa. I Professor yodumo e Edinburgh yasixelela okuba yinto yeziyatana ukweya izinto ezixatyiswe ngabantu bolunye uhlanga kanti akuzazi kakuhle ezonto uzigxekayo.



Kodwa-ke kunjalo nje kuko obunye ubudenge obufana nobuyata. Buseko nanamhlanje bumana ukavela nakwabangati bafundile. Umntu uyakufana afutshanise ati. Lisiko lakowetu eli, obawo bahlala kulo, lelo hlanga; atsho anamatele kulo. Asuke acime amehlo engqondo emke nofefe nehlo-mbe lento zohlanga. Aswele njalo amehlo okucalula into enoncedo nengenalo kwezi meko zikoyo nakule ntlalo abayakuhlala kuyo abantwana bake.

Obu ubudenge bunto nye nobu busabaqekayo emaqabeni. Woliva irwanqa elidala ekutiwa yindoda licikoza emgidini—licikoze lide linge liteta into eliyaziyo.

Noko-ke bafondini lento yokurozisa umbona andiyiqondi. Lento yasemlungwini ayinako ukulunga apa kuti Obawo bebengenayo lento, ifika nezintwana zikumshayo. Lento mna andiyingeni. Ngeli lelake uti uyateta utetelela isiko elidala lakowabo kuba etanda abantu bakowabo nento zabo.

Elo ciko lisayakupelwa bubuciko. Lisaya-kubisana no Mfundisi oyinkunzi kubo bonke abafundisi abakoyo pantsi kwelanga. Isisu esipetwe lipango ngoyena Mfundisi ofundisa izwi lom Dali. Eli zwi liti ukuba unga ungadla sebenza. Ukuba unga ungaqubela pambili sebenza: Sebenzisa umzimba usebenzise ubucopo. Ukuba unga inzala yako ingaqubela pambili yifundise ukusebenzisa umzimba isebenzise ubucopo. Ngo wom Dali lowo umteto. Ongawutobeliyo uyatshona nenzala yake ibe yinto esunduzwa yinzala yezikutali ibange elizweni. Lomfundisi usisisu esipetwe lipango ushumayela lo nto engene ngapakati endodeni iswele ubuciko bokupendula.

Into yokuqondwa apa yile. Inthlanga eziqubela pambili ngenkutalo, ngemfundo nangengqondo azivelanga zitanda ukusebenza nokufunda. Zafundiswa ebunzimeni nasezintlungwini ngulo mfundisi. Zaqeliswa nguye ukuhambela pambili ngendlela yenqubela. Zaboniswa nguye ukulahla amasiko amadala angenaluncedo kuba epelelwe lixesha engasenako ukuvana nemeko ezintsha ezivelileyo. Alahlwe lawo kufunwe amatsha anosizo kuba evana nemeko namaxesha akoyo.

Ivela apo ingqondo yokukangela amasiko amadala ngeliso elibonayo nengqiqo ecalula into enoncedo nengenalo; umntu angafane apandlwe kukutanda into ezindala zakowabo.

Inggondi yodumo u Paulos uyasibonisa. Wancama into zakowabo no hlanga lakowabo kuba lunamatele entweni ezindala ezipelwe lixesha: into ezazi noluto ngexesha lazo, kanti kufike ukanyo olutsha nje azisenalo. Uteta eli.

Nditi ndizilibala izinto ezisemva ndisolulela kwezi pambili ndiputume . . . . .

Wonke umntu oqiqayo wenjenjalo alahle okudala okupelelwe lixesha aputume okutsha okuvana nama xesha amatsha.

#### *Elokuqukumbela.*

Ngokuzekelisa singati umntu ongenalwazi ngedaimani angati lomhlaba wanekiweyo e Kimbili awunamsebenzi akuko ngca, mbona nazimba linga kulela kuwo. Kanti onolwazi uyabona okuba unokusetyenzwa uhluzwe ukuze "itroko" ezilikulu zivelise isityana esincinane se daimani.

Lamasiko akwa Ntu ebuninzini bawo afana nalomhlaba. Ote wawa landa wacokisa uyakubaqa apa napaya into enxabiso efanele ukugcinwa.

Kanti ke nayo nje ngale daimani ibaqeka kulomhlaba iyakucokiswa ihlanjwe igudiswe kukweleliswa yonke into engeyiyo ukuze ibe ntle ibe nexabiso elililo.

## U Ntsikana.

Baseko, nakuzo ezi mini zokanyo, abafundileyo abateta nge zanga ezenzekayo ngo Ntsikana : Nkomo eyatetayo : Silaite esaqekakayo njalo, njalo. Into ezinjalo zahlala zixelwa kuzo zonke intlanga eziseburwadeni. Kuba lento ikuku kolelwa kwi zanga lupawu lwabantu bonke abaswele imtundo eqiqisayo. Kuba okunene ingqiqo yabo isenye neyabantwana; abantu-ke abo abahlala beyoliswa zintsomi ezixela izanga.

Endaleni le abase-Roma baxela amawele odumo aseka lomzi, besiti acolwa yingcuka ezintsana yawondla namatole ayo; aza atata apo ukomelela nokukalipa. Ama-Greeke axela elawo igora elabulala isigebenga esiliso linve, isidlabantu esinga nge-Ndlovu. Pezu koko loyisa abafazi abazinzwakazi ezenza ingoma eyoba ubucopo bamadoda ziwase emzini wazo opantsi kolwandle. Elama Irishi igora lakalimela inyoka zafuduka zonke kwe-lozwe. Elama Ngesi labulala inyokakazi emapiko etimla umlilo. Nama Scotshi ayazixela izanga ezenzeka ngeyawo indoda. Abakwa Rarabe basalanda elokondo baxele ezenzeka ngo Ntsikana.

Kuti kodwa kwakugabuka inkungu kuvele ukanyo olululo umntu abone ukuba yonke lonto zintsomi zokuyolisa intsana. Yinto inye neziya sazibaliselwa ngama xegwazana: Nkomo eyesuka umtsi yatsho pezulu enyangeni yahlala kona. Yiyo lento inyanga le ike inge inempondo. I-Nkosi yama Zim enobugqi kuti ibinzwa ngumkosi wonke itsho pantsi yonke lomikonto kuba umtakati usuke akafule kungabiko mkonto unokufika kuye.

Izanga ezinjalo zihlala zimnandi ebantwaneni zikoleke nakubantu abakulu ngemini zoburwada nobumnyama.

### *Isifo.*

Lento yokutanda nokukolelwa kwizanga ifanele ukubako kubantu abasahleli nenkolo nkolo zokutakata nokukafula nokuteta nemishologu njalo, njalo. Kanti kuti kwakuvela ukanyo nenqubela lento isuke ijike ibe sisifo esibulalayo, sibulale yonke into elusizo olululo emntwini.

Kwezenqubela imini umntu usizakala ngento enye : ukusebenzisa : asebenzise umzimba asebenzise ubucopo. Lento ikukusebenza ibuhlungu kumntu wonke ozalwa ngabantu abangayiqeliswa. Kunjalo nje asinto ifane iqeleke—ibe nofuzo lwayo lokutanda ukusebenza. Kuti-ke, kuba into yokungayitandi lento yokusebenza ipuma kade egazini, umntu ongayiqeliswa kwako yisemkulu akufikelwa bubunzima afune amacebo. Icebo kwimini zenqubela linye. Sebenza, zingisa, usebenze ngomzimba wako usebenze nangobucopo bako. Lonto ko-vela eburwadeni ihleli ifana nokufa ukuba mbi kwayo. Yena usuke afune wambi amacebo. Sivuke apo isifo sokutanda izanga nokukolelwa kuzo. Yena utanda ukuhlala pantsi asebenzise umlomo : atete eve ukuteta. Ahlale njalo axelelwe-ke ngoku izanga eziyakwenzeka zimncede engasebenzanga. Yena into yake kukuteta kukupulapula inteto akolelwe kuzo azamkele engazixamlanga ngokuzilanda azicikide ngobake ubucopo. Usuke anxame ati kuyakuvela izanga zimhlangule kulento angayifuniyo yokusebenzisa ezake izandla nobake ubucopo.

Eso sifo sinzulu, sihleli siko kuzo zonke intlanga ezisahleli eburwadeni bemvela. Ihleli isisimanga into yokupuma kade kwaso nokuvuka kwaso apo besingati sinexesha sipumile. Kuko umzekeliso we Nkosi ongavumiyo ukuvakala. Lowa we Talente. Omnye unikwa kakulu, omnye anikwe kancinane. Okuteleyo wasebenza uyazuziswa, olivila akasebenza wahlutwa nalontwana anayo. Osebenzisa umzimba wake ukulisa amandla awo osebenzisa ubucopo bake ukulisa amandla abo. Ohlala pantsi akangele izanga ezizakwenzeka zimncede engazixamlanga yena uzitatela ukufa.

Ngumteto wendalo lowo. Yonke into engazaniyo iqubele pambili ngamandla eyawanikwa ngum Dali ihleli isoliwe igwetyelwe akubanga: ntlanzi, silo, mntu luhlanga konke oko kupetwe ngalomteto. Ukukotama ngobuvila kupelela entweni enye. Into ekotamayo iyasunduzwa yezamayo iti nokuba ayide ibange ngokwayo kubange inzala yayo. Nabantu abahleli besebenzisa imilomo yabo belindele izanga eziyakuba nceda bengazamanga basoliwe. Umteto wendalo uyakubuya nabo bahlutwe nalomandla bebe nawo.

Kuba ngobuvila ubucopo busuke bulimale buswele amandla okucalula into eyiyo nengeyiyo; buswele amehlo okubona into eyinyaniso nebuxoki kuba bupandlwe zezizanga bulindele zona. Lento ihleli iko kuwo amabali entlanga zonke ixela ica-cise isifo sokukolelwa kwizanga.

E-S. Africa u Nongqause wayibengeza lonto kumntu wonke onamehlo. Kwabonwa uhlanga lukulelwe luxakiwe zirefile zabamhlope. Kwafunwa icebo. Ayabiko ingqondo yokubona ukuba into

eyakuluhlangula uhlanga inye kukusebenza, kuse-tyenzwe, kusebenze imizimba nobucopo. Kwatwatawata icebo lokukolosisa abantu kwizanga kwakangelwa abantu abayakuvuka sekukade befile. Konakala.

Um Gitshima wabona amawabo ehleli ebubini wayiswela ingqondo yokuba bonisa ukusebenzisa imizimba nobucopo. Waba kolosisa ngezanga. Wati bayakutwalwa, behleli pantsi, basiwe kweledinga. Konakala.

O Wellington no Maqolo basahleli kulonto yezanga abantu bona besebunzimeni. Icebo linye lelokuzihlangula besebenzisa umzimba nobucopo. Elo lenza kade, elo linenxamleko. Kusuke ngoko kuxelwe izanga eziyakuvela zihlangule abantu behleli pantsi beteta ngemilomo belindele ezo zanga. Sobona apo kopelela kona oko. Sisisisifo esinye esi sokukolelwa kwizanga.

Kwezi mini kuko nje i-Kollege efundisa imfundo eyiyo, kuko nododana oluwela ulwandle lufunde pipi lifikile ixesha ekufunekayo okuba lemfeketo yezanga ikwelelele apa ku Ntsikana. Kungenjalo uyakuba ngumntu wentsana nabasahleli eburwadeni. Kanti uhleli efanelwe kukuba ngumntu oxatyisiweyo ngumntu wonke emazantsi Africa omhlope nontsundu; ngakumbi ngowakwa Ntu onokanyo. Abo-ke bapumile kulento yokukolelwa kwizanga: azisangeni kwezabo ingqondo. Kuba zingenako ukwamkelwa ngamadoda anayo imfundo eqiqisayo.

### *Imboni.*

Into yokuqala neyona inkulu apa ku Ntsikana yile waba yeyokuqala Imboni, entweni zonqulo, kwa Ntu.

Lento Imboni inje. Abantu boyibona into be-

ngama waka bayibone iminyaka babone bengaboni bafane bajame ngokwenkomo. Bayabona ngamehlo la enyama abaqiqi ababoni ngamehlo obucopo. Koti kunjalo kuti vu umntu abemnye abone, aqiqe, aqonde. Bati-ke ukuba banokuva abanye aba babone ngokuboniswa nguye. Ababonise yona lento ikade ipambi kwabo bengaboni.

Imboni zibako kuyo yonke into esetyenzwa bucuco bomntu. Uluntu olu luboniswe zizo. Lonto siyibona emabalini entlanga zonke. Abantu bahlala izizukulwana izixobo nempahla yokusebenza ingamatye. Kwati vu imboni yabona ukudala isinyiti kwasizakala uluntu lupela.

Abantu bahlala izizukulwana belibona ilanga, inkwenkwezi, inyanga, nemigca kungeko nto bayiqondayo. Kwati vu Imboni e Italiya yabona yaqonda kwavela imfundo eyiyo ngento zonke ezihamba esibakabakeni nemikondo ezihamba ngayo.

Kwakona, bahlala izizukulwana uko usebenza umteto omkulu wendalo lo womtsalane: Law of Gravitation—upete into zonke, upete neziqu zabo. Ababonanga. Kwavela Imboni e England yabona yaqiqe yaqonda kwasizakala yonke into engumntu.

Kwakona, bahlala izizukulwana iko ibonwa lento isi "steam" kungeko mntu uyiqondayo. Kwati vu Imboni e Scotlan yabona yaqiqe yaqonda kwavela yonke into ehamba nge "steam" kwasizakala ihlabati lipela. Zinjalo imboni ukubona; zibonisa abangaboniyo. Kukwanjalo nasentweni zonqulo. Abadisipile be-Nkosi bahamba nayo iminyaka babona izimanga nemisebenzi yamandla, bafundiswa bayalwa. Babona bengaboni beva bengaqondi. Yakwelela i-Nkosi kwavela ingxaki nemicimbi enzima baposisa, bala-



hleka. Kwati vu Imboni u Paulos ongazanga ayibone enyameni i-Nkosi wabakalimela wababonisa : babona kwasizakala zonke intlanga.

Zimboni zonke ezo. Zibona into ebonwayo ukubonwa oku ngabaninzi kanti-ke zona zibona ngamehlo engqondo, ziqiqe, zibone okungabonwayo ngabaninzi kanti kupambi kwabo.

Waba yilonto u-Ntsikana kweyake indawo. Izwi lika Tixo lafika kwa Xosa. Lavakaliswa kumawaka eva abona lomawaka. Eva abona engaboni engaqiqi engaqondi, Bati lento yinto yomlungu, yinto yoluhlanga lucasene nati, ayiteni nolu lwetu uhlanga. Babona oko ; balicasa. Wavela apo u Ntsikana wabona yena waqonda. Wateta waxela wati Lento yeyom-Dali, ivela kuye. Lom-Dali odale izulu nento zonke ezikoyo uyateta namhla, uteta nati. Usivelele usibizile singambizanga tina. Lento ayiteni naluhlanga yinto yesidalwa sonke esingunntu. Wayibona lonto oko injalo. Kwahlukana apo namawabo. Yena waba Yimboni ebonayo bengaboni bona ; bala ukuboniswa.

Kungoko siti u Ntsikana waba yimboni. Kwezonzqulo waba yeyokuqala emazantsi Afrika, Ufanele ngoko ukuhlala ehleli ebekiwe exatyisiwe sime simile isikmbuzo sake.

Yena no Hintsisa zimboni zodumo kwa-Ntu. Kuba ngu Hintsisa owaqala wabona waxela ukuba u-Xosa no-Mfengu luhlanga lunye. Wayiteta lonto u-Hintsisa obawomknlu bengaba fana' Kanti iqala izolo eli lonto ukucaca kwabafundileyo bazinikela ngengqondo nenkutalo emsebenzini wokucokisa amabali ezizwe zakwa-Ntu. Ibe pandle ngoko into yokuba u-Hintsisa yimboni yodumo kwezombuso u-Ntsikana yena eyiyo kwezonzqulo

## ISIKUMBUZO ESISISO SIYAKUBA SESI.

U-Hintsa Imboni Kwezombuso.

U-Ntsikana Imboni Kwezonzqulo.

Asateta omabini lomadoda konendlebe zokuva Omnye uti yibani yimbumba lusapo lakwa-Ntu. Omnye uti nqulani u-Tixo lusapo lakwa-Ntu.

*Umprofeti.*

Baseko abayipikeleyo into yokumenza umprofeti u Ntsikana Ipandle into ebapeteyo abo. Bazama ukudumisa isizwe esitiyo nobani abatiyo. Elinye iciko licikoze lacikoza lada lapulukwa yinteto. Lati ngalevalo incazelo nembongi le yakowabo kungatiwa ingumprofeti. Waba uyapuma njalo u Tikoloshe ezingcongolweni.

Pezu koko inteto esusela ekulahlekeni ihamba ihambe ipelele kwasekulahlekeni. Ati-ke yena u Ntsikana ukuba kanti uzakwenziwa intwana efana nati bamtina. Kodwa-ke ikakulu inteto enjalo izalwa kukuswela ukuyiqonda lento ingum profeti. Soka silinge ke ukuyilanda londawo.

*I-Testamente Entsha.*

Wofika kutetwa ngaba profeti abalapo. Into ke leyo engekoyo Igama eliti "Profeti" liko Elogama sisi Greeke. Kulenteto-ke yesi Greeke eligama lixela Umntu Ocaza Izihlabo. Lendawo yeyokuqondwa ngumntu otanda ukuyiqwalasela ayiqonde incwadi ayifundayo. Ama Greeke axabisa anonelela kakulu izihlabo. Aba nendawo ezingcwele zodumo—Dodona, Delphi nezinye—apo kwakuhlalywa izihlabo. Izihlabo ezo zapuma ngen-teto enzulu eyintsonkota inteto engaqondwayo luluntu olu. Kwabako bantu bazi cazayo izihlabo. Bati ukuti oku kuxela oku, njalo njalo.

Kwatiwa ngaba Profeti abo. Lendawo ayina pike kwaba saziyo isi Greeke. Kwitestamente Entsha kuti kwaku setyenziswa elogama siqonde ukuba kusetwa umntu ocaza izihlabo. Ngaleyetu inteto ngumshumayeli lowo. Kuba umshumayeli onguye akateti nto iyeyake ucaza izihlabo zezwi lika Tixo Uhleli-ke ento nye nalo ubizwa ngeli gama kwi-Testamente Entsha.

### *I-Testamente Endala.*

Apa inteto yesi Greeke ayiko. Kuko isi Hebere. Eligama liti Profeti aliko. Nto ikoyo kakulu zizihlabo nabantu abahlaba izihlabo. Siti abatata igama lesi Greeke sibabize ngalo. Abo bantu-ke abapele ndawo. Ngamini itile babako bemakulu omane ngamini nye bazihlaba izihlabo; baxoka bexokile.

Kanti ke kumana kubako amadoda ateta into atunywe yona ayinikwe ngu Yehova. Ngaba Profeti abangabo-ke abo.

Umbuzo apo ngulo. Umsebenzi wabo ubuyintoni? Kukufundisa abantu bakwa-Sirayeli unqulo olululo.

Kuti-ke wakululanda olunqulo lakwa-Sirayeli kucace msinya into etetwe ngu Paulos. Lwasusela "kwiziqalelo ezingena mandla" Lwaya lukula ngokukula lucaca ngokucaca ekuhambeni kwezizukulwana Lwaxela yonke into epilileyo enoluto Iwaqubela pambili futi lupetwe ngumteto wenqubela. Lwahluka ngalonto kuzo zonke ezinye inqulo. Lwahluka ngalento yokuqubela pambili. Ezinye inqulo zahlala zikangele emva, zigcine izitete zamanyange, zinamatele emasikweni akudala, zayame futi izinto ezisingiswa kwiminyanya nezi-

vele ngemishologu. Zawapula njalo umteto wenqubela zawaswela amandla okuhambela pambili zabanga. Olwaka Sirayeli lona lwahlala luqubela pambili lucaca ngokucaca lusomelela ngokomelela. Kwaba njalo kuba luyinto epilileyo. Zati ezinye zimi ndaweni nye zipelwa ngoku pelwa ngamandla zalupala zabanga. Olu lona lwati luzilibalalinto ezisemva lusolulela kwezi pambili lwaputuma lwaya lusondela ngokusondela entweni ekeleke ku-Tixo ayibekela abamqulayo ngomoya nangenyaniso. Kute seluneminyaka eliwaka luko olunqulo lusebenzela pambili futi kwenziwa imigudu emikulu yokulucokisa. Lonto yeka Samuweli no-Davide no-Solomon. Lwamiswa lwasekwa unqulo ngento ezine lakuba lucokiswe ngabo.

(1) Intlanganisela e Yerusalem.

(2) Abenzeleli nama-Levi.

(3) Amadini nokuhlambulula.

(4) Abaprofeti.

Umsebenzi wezonto zone uyaziwa. Zatshayelela ukufika ko-Nyana ka-Tixo. Zadalwa ngum-Dali zamiswa zizicaka zake ukuze zipumeze lomsebenzi. Zabunjwa zayimbumba esebenzela pambili, zaba sisetunzi sezinto eziyakuza. Isiqu sona singu Yesu. Wafika-ke u-Yesu. sabanga isitunzi. Sabanga kuba ufeziwe umsebenzi waso. Sabangiswa ngumnini kusidala. Wasibangisa ngabom.

Siyaxelelwa kwi Testamente Entsha ukuba u-Nyana weza nomnqopiso omtsha. Ukuze kutetwe izwi elinje "Ngokuti oku, Omtsha, uwalupalisile owokuqala. Ke lonto yalupeleyo yalixego isondele ekuteni shwaka."

Wokumbula umlesi okuba u Yesu waka watata u Yohane no Yakobi no Petrosi wenyuka nabo

entabeni. Kwavela u Moses no Eliya. Bateta naye. U-Petros isinxami esifane sitete singaqondanga satanda ukuba kwakiwe apo iminquba ibe mitatu. Ngelilelake uti lamadoda azakuteta: anento azakuyixela. Awatetanga nalinye tlibekiswe emntwini. Kusuke kwako zwi lipuma elifini lati "Lo ngunyana wam oyintanda, endikolisiweyo nguyce; mveni yena."

Ukutsho liti yahlukana nokusukelana naba profeti abangasayikuze batete efikile nje u-Nyana.

Iminyaka liwaka elinamakulu asibozo anemivo zabangayo zati shwaka ezonto zone, zibangiswa ngumdali wazo kuba u Nyana efikile.

#### *Inkohla ka Nkohla.*

Ilapa, Umntu uti uyamazi u Nyana ukuba ufikile abe esateta teta ngaba profeti. Apikele ukuvusa into ekudala yati shwaka. Kunjalo nje usuka atatele itandwa nguyce kweziya zine zaba yimbumba avuse yona yodwa. Ayenze lonto elixesha axelayo naye okokuba into ebitshayeletwa seyifikile. Isuke inteto vake icasane yodwa kuba idibanisa into ezingenako ukubako zombini:

Umntu oteta into evanayo enokuvakala ngum Yuda. Yena ususela kweliti Unyana akakafiki. Utsho aliweze ati u Yesu wayengumlahlekisi. Atsho alucite lonke olunqulo luno Yesu abuyele koluya lunaba profeti. Ati Intlanganisela e Yerusalem; Abenzeleleli nama Levi; Amadini ne Ntlambululo naba Profeti zone ezo zisahlalele ukuvuswa andule afike u Nyana. Elo lliyavana liyavakala kuba yena ususela kweliti. U Nyana akakafiki usahlalele ukufika Ngokuba-ke engekafiki into ezamiselwa ukutshayelela zimelwe kukubako zitshayelele. Tina-ke

sisusela kweliti u Nyana sefikhile Ngoko-ke izinto ezadalelwa ukutshayeleda ziwufezile umsebenzi wazo zalupala zabanga. Siyavana nom Yudi, kweli liti: into ezamiselwa ukutshayeleda azinako ukubako ukuba u Nyana uko. Ezonto azinako ukubako zombini. Ndawo singavaniyo kuyo yile yokubako ko Nyana.

Simazi-nje-ke ukuba ufikhile siti akuko dini, akuko m Levi, akuko mprofeti owoze abeko.

#### ISIMANGA.

Into ehleli isisimaga yile yenziwa kwa Rarabe Amaciko akona apikele ukwahlula into ezabunjwa ngum Dali zayimbumba. Apikele ukuvusa nto nye, le itandwa ngabo, kwezi zine zacitwayo ngum Dali, Ayenza lento elixesha ati ayamazi u Nyana ukuba ufikhile. Yiyo lonto simana ukuxelelwa izanga ezingangenivo ebucotsheni obuqeliswe ukulanda nokuqiqa. Kusitiwa nanku sibona umlenze wenkomo uhamba wodwa Emitatu kudala yafayo yati shwaka, Lo wona usahamba. Yizani apa kuti nibone nani. Apo linye kanipinde nikangele nicokise nikangelise. Hleze kanti lento niyibonayo ilapa kuni. Yilanto Imana ibonwa yimbongi epetwe ngamabongo, ibona emibonisweni yayo yada lento yamana imfikela yanga yinto eyaka yako. Kanti ubuko bayo bukulomibono. Kuko 1929 nje namhla konke oko kwafa—kufile. Kuko usapo lakwa Ntu nje oluvulwa amehlo ezi Kolejini e America, Edinburgh, London, Dikeni, okwama pupa nemibono kufile. Aba-kulo-Nqubela abasagxwali kulomiswa-ne. Aba-kulo-Ncwadi abasenanto nenkomo ezite-tayo.

Yiyo lonto sitshoyo ukuti akuko mprofeti owaka wako oko afikayo u Yesu. Nto ingasuke ibeko

yileya eyahlala imana ukubako. Amaxoki agidi-  
ma engatunywanga, atete engapiwanga nto yoku-  
tetwa, izapuselana ezihamba zipukaneka zizibange-  
la amawonga akude nazo. U Ntsikana wayengeko  
apo yena; waye negqondo eyiyo ezibekile noku-  
zibeka. Ngaba bapikele ukumenza umprofeti  
abafeketayo ngaye bamse kulomaxoki.

Kum ukuteta kwabo akuvakali. Bandixelela isa-  
nga esingangeniyo kobubam ubucopo. Bati nanku  
sibona umlenze wenkomo uhamba wodwa. Emitatu  
kudala yabangayo yati shwaka. Lo wona usaha-  
mba siyawubona. Elam apo linye. Kanipinde  
nikangele nicokise, nikangele, hleze kanti lento  
niyibonayo yilanto naziqelisayo ukuyipupa yada  
yamana ukunifikela emapupeni, emibonweni yo-  
busuku, yiyo-ke lonto niyibonayo ingati yinto  
eyaka yako kanti ubuko bayo bukulomapupa nalo  
mibono.

# Izitanda-Bumnyama.

*Inkani Nobungqola.*

Izitanda-bumnyama, imikwa yazo nesipelo sazo sizibona ngokucacileyo ezi-Bálwani ze Testamente Endala. Ibali lakwa Sirayeli liyala zonke intlanga. Inxalenye yabo, abase Samariya, batshona badaka balusali ezintlangeni. Kude kube yilemini abaziwa apo bapelela kona.

Make silande elobali sibone ukusebenza kwenkani nobungqola, size kubona kakuhle okwenzekayo kwezizetu imini.

Wabanyula ababantu u Yehova pakati kwentlanga wati: "Ndaze nina nedwa emizalwaneni yonke yomhlaba."—Amos 3 : 2. Wabahlangula wabakúpa ngengalo eyoluliweyo nesandla esiténqi ezweni lase Yiputa endlwini yobukóboka. Kwada kwabona kwatétá itola lasezintlangeni lati:

Utsho u Bileham unyana ka Behore  
Itsho indoda ecinywe amehlo ;  
Utsho ova ukutétá kuka Tixo,  
Owubonayo umbono wo Somandla ;  
Esiwa pantsi, etyilwe amehlo.—Numeri 24 : 3.  
U-Tixo akamntu ukuba atété amanga,  
Akanyana waluntu ukuba azohlwaye,  
Etshilo-nje yena, akayi kwenza-na ?  
Etétlie-nje, akayi kufeza-na ?  
Yabona, ndamkele ukusikelela ;  
Usikelele, andinakukubuyisa.  
Akaboni nto inge-ni ku-Yakobi,  
Akaboni nxamleko ku-Sirayeli.  
U-Yehova u-Tixo waké unaye,  
Ukuduma kokumkani kupákati kwaké.  
U-Tixo umkúpa e-Yiputa ;  
Amendu aké anjengawenqu.  
Akukó sihlabo ngo-Yakobi,  
Akukó kuvumisa ngo-Sirayeli.—Numeri 23 : 19.



Basikelelwa, batamsangelwa bayaka i-Yerusalem yaba libôtwe lo-Tixo Osenyangweni umzi wo-Kumkani Omkúlu. Yabonga imbongi yati:—

Mkúlu u-Yehova engowokudunyiswa kunene,  
Emzini wo-Tixo wetú entabeni yaké engcwele;  
Intle ukupakama kwayo yimihlali yehlabati lonke  
Intaba yase Tsiyoni, intlomo yase Node  
Umzi wo-Kumkani Omkúlu.—Indum. 48 : 1.

Kukó umlambó ozibáxa zawo zivuyisa umzi ka-Tixo,  
Ingwele yeminquba y-Osenyangweni,  
U-Tixo uyawunceda kwasekuzeni kokusa  
U-Tixo upákati kwawo awushukunyiswa.  
Ziyaxokozela intlanga, ziyashukuma izikumkani:  
Ukúpa izwi laké linyibilike ihlabati.  
U-Yehova wemikosi unati,

Ingxonde kuti ngu Tixo ka Yakobi.— Ind. 46 : 4.

Watétà nom-profeti wati:—Njengentaka zipapazela, uyakwenjenjalo u-Yehova wemikósi ukuyikúsela i-Yerusalem, eyikúsela eyihlangula, eyiconga, eyisiza.—Yesaya 31 : 5.

Kwabanjalo; kwakuhle: kwalitamba. Kwapelela pi? Kwafika u Nebuzaradan, umtétéleli wabasiki, ikónza lokumkani wase Babeli, e Yerusalem; wayitshisa indlu ka Yehova, nendlu ka Kumkani nezindlu zonke zase Yerusalem; izindlu zonke ezinkulu wazitshisa ngomlilo. Indonga zase Yerusalem ngenxa zonke yazidiliza zonke impi yama Kaledi.—Okumkani II, 25 : 8.

Baqútywa abemi be Yerusalem okwenkomo baya ebukóbokeni e Babeli. Funda Indumiso 137 ubone obobukóboka. Kufuti sibona into isenzeka eluhlangeni inye emongweni wayo, nento eyenzeka kumntu omnye. Ukuze ke lento yohlanga siyibone siyiqiqe kakuhle, maké sikángele umntu omnye.

Ukumkani wokuqala woluhlanga ungumzekelo wohlanga lupela. Wanyulwa ngu Yehova, wasikelelwa, wakúliswa, womelela, waduma. Walwenzela okukúlu uhlanga eluhlangula ezandleni zentshaba ezininzi Wabaligora, inzwana, umfo otándekeleyo. Kwakuhle, kwatèmbisa. Konakala, isipelo saké soyikeka. U-Yehova wamcekisa wamlahla kuba naye elicekisile Izwi lika Yehova: "Umoya ka Yehova wemka ku Saule; wadandatèkiswa ngumoya omblovela ku Yehova." I Samuweli 16:14.

Waba yinto yokudandatèkiswa wada wafa noyana baké ezintabeni ze Gilibowa.

Nina zintaba zase Gilibowa

Makungabikó mbete, makungabikó mvula kuni, namasimi anemirumo;

Ngokuba apo kwangcola ingweletshetshe zamagora

Ingweletshetshe ka Saule ngokungati akatánjiswa nge oli.

II Samuweli 1:21.

Ufa ngani engumtánjiswa ka Yehova nje? Ngani ukuba kude kube nje ukudandatèkiswa kwaké? Ipandle intetó ka Samuweli. Ukuba nenkani kufana nesono sokuvumisa. Ubungqola bufana nenkonzo yezitlxo nemilondekaya.—I Samuweli 15:23.

Wapikela ukuzibonela, nokuzitándela, nokungeva. Yapandle into yokuba unenkani; yingqola, uyalicekisa Izwi lika Yehova. Wacekiswa naye ngokwaké walahlwa wadandatèkiswa. Wafa ebulawa yinto yaké azitátéleyo: inkani nobungqola. Eli liti ufa ngento azitátéleyo yena ngokwaké ndinga lingacina. Ndiza kubuyela kulo futi.

Lento yalomntu kufuneka ikángelwe iqondwe kwezimini zokwanda kwabantu abafundileyo kanti baswele ukucinga baqiqe. Endaleni amadoda akowenu acingayo ayemqonda umntu onje. Ayesiti Utiwe nca ngamashwa kuba "*enomjojo*." Umntu

opikele inkani nokungeva ebede ahlanjwe ngamawabo. Kanti kukò nokuba ahlanjwe nalizulu alahlwe njengento ecekiswe lizulu. Angabeka ngapa konakale, abéke ngapa konakale, apaté le into konakale, apaté leya konakale. Kutiwe utiwe nca ngamashwa: unomjojo. Baposisa ngegama elilodwa. Babona into ekóyo. Inkani nobungqola isipélo sinye. Uyakunka umoya ka Tixo kufike umoya ombi ovela kwaku Tixo udandatékise umntu olahliweyo lizulu, ade aye kwantshabalalo.

Singatsho ke ngeyesi Xosa intétò, Wazitátela umjojo u Saule ngenkani nobungqola baké. Nomprofeti u Hezekeli uyaxela okuba uhlanga lakwa Sirayeli lwazitátela nalo kwa lomjojo.—Hez. 7 : 7.

Ebalini lika Sirayeli sibona kwalento ka Saule: inkani nobungqola. Wabanyula u Yehova wabaká, wabaqeqesha, wabafundisa ngo Moses no Samuweli nabaprofeti. “Kuselokwalomini abapuma ngayo oyihlo ezweni lama Yiputa kunanamhla. Ndazitúmela kuni izicaka zam abaprofeti, ndazitúma imihla ngemihla kwakusasa; ke abapulapula kum, abayitóba indlebe yabo; bagogotyisa ikósi labo, benza okubi kunoyise.—Jer. 7 : 25.

Ngenxa yoko ndibaxozile ngabaprofeti, ndababulala ngamazwi omlomo wam; umgwebo wam wapuma njengokulenya kwelangatye.—Hos. 6 : 5.

Kwakúla inkani nobungqola, ukuzitándela, nokuzibonela. Bazenza ukuba bafane nentlanga ezinganyulwanga ngu Yehova, babacekisa babacasa abaprofeti baké. Lapela ixesha lokuyala. Laté-twá izwi lokugweba.

Kuza isipelo, isipelo sona siyeza, sikuvukele; yabona siyeza. Nantso imini; Nanko! Usiza upuma umjojo.—Hezekeli 7 : 6, 10.

Umjojo! Batlwa-nca ngamashwa ngomjojo abazitátéleyo ngenkani nobungqola. Yapela intétò yokuyala, kwasala izililo:—

Inkosi yam isuke yaba njengotshaba, imginyile u-Sirayeli  
Iziginyile zonke ingxande zayo ezinde, izonakalisile inqaba  
zayo ezinkulu

Yandisa entombini engu Yuda uncwino nokuncwina.

Ilucitile ubiyo lwayo njengomyezo ;

Iyitshabalalisile indawo yayo yentlangano—Izililo 2 : 5.

Kwaba kuyapela: bafela e Babeli bonke abo. Bafa ngenkani nobungqola. Bafa ngokuzifanisa nentlanga ezizitándelayo zizibonele. Malicace eli liti bafa ngokuzitándela nokuzibonela.

Ngemini zakudala lomzi wahlala usoyikeka ezintlangeni.

Kuba nabo! Okumkani benqopisene,

Bawela beza kunye;

Bakut' ukubona abakúlumanga;

Bakwanqa babaleka buputúputú;

Babanjwa kona kukutútúmela;

Kukuzibijabija njengozalayo.—Indum. 48 : 4.

Yayingumzi ka Yehova oko: Ingcwele yeminquba yose-Nyangweni. Namhla uyafana nemizij yentlanga ezizibonelayo. Wacitwa watshiswa waba yimiwewe yamaxwili nezikova; usapo lwawo lwaya kufela ezintlangeni e Babeli.

### IBALI LAKWA RARABE.

Masilishiye ibali lasendaleni size kweli lezi zeti imini: ibali lakwa Rarabe elifanayo neli lakwa Sirayeli ngenkani nobungqola.

Wotsho omnye, wena, ulazela pi elobali? Ewe, mna ndihleli nama Hlubi njengompakati wase Kunene. Kukò kodwa lento: Abaka Soga ka Jotelo ndihleli nabo. Oka Napakade ka Buluneli ndihleli naye. Kukúlu endikuve ngabo. Nembongi yakwa Gompo indityele.

## U NTSIKANA.

Kuzo zonke izizwe zakwa-Ntu um-Dali wanyula esakwa Rarabe ukuze izwi lake lifikele kuso. Walungisa nomntu wokulamkela aliqiqe alitétè. Lafika, walamkela, waliqonda, walitétà u Ntsikana. Bambl kwezimini bati waye ngumprofeti. Batsho kuba bengaziqiqanga baziqonda impawu zobuprofeti. Okè wayilanda lento nakwezinye intlanga uyakuti waye liciko eliqiqayo, linamehlo okuyibona into emongweni wayo lingapandlwa ngumpandle namatiletile angekòyo emxolweni, ayibone ngoko apo ivela kòna nalapo isingisa kòna. Singati wayeyimbòni entweni zonqulo (religious genius) nje-ngezikòyo nanamhla. Onjalo uyalifunda izwi lika Tixo alitétè. Intetò yakè isuke ihambé yodwa, ixatyiswe kuwo onke amabandla nakuzo zonke intlanga; kuba yena epiwe ukubona nokuqiqa nokutétà. Singa kankanya u Dr. Whyte e Edinburgh, no McLaren e Manchester, no Spurgeon e London; kungekò ongati ngaba profeti abo.

Lafika izwi lika Tixo waliqonda, walitétà u Ntsikana. Lavakala kwa Rarabe, laxoxwa ngamatshawe nezipakati. "Kwahlatywa isiyikayika somdudo onyanga ntándatù, zaviruswa iziyolo, imbòla yenziwa igugu; enjenjalo amawaba namatshawe akwa Rarabe ukulicekisa Izwi lika Tixo, nokusicasa isicaka sakè. Ayibetelela njalo Inkosi eubini bayo."

Kanti nayo seyikulelwe ububi. Yavukela Inkosi yayo enkulu u-Hintsa yamzonda, yamsukela itanda ukumbulala yada yam faka emahlatini om Bashe. Nalapo u-Hintsa wazimezwa zizikulu zakwa Gcaleka. U-Ngqika esiti i-Nkosi mazidibane kutétwè

ezoku xolisa. Izikulu ezo zala kuba zibona kugushwe ijozi.

Yaquba ebubini le Nkosi ecase izwi lika Tixo. Yaqokela ngenyala nesikizi. Wapakama ngoku u-Hintsa wazuza amandla wawela i-Nciba esiya kohlwaya elo nyala. Yile mini ixelwayo yimbongi yohlanga.

Wat' umntu namhla kunyembelekile,  
Kwelakwa Rarabe umhlaba ubukuqekile  
Kwenzek' isikizi nenyal' ema-Xoseni.  
Ubecinge nganin' umtan' ukuya embekeni kunina  
Awu ! Hay' ke bet' into zomhlaba.

Yafumb' indwe pezu kwendwe kwelakwa Hoho.  
Yadla intsimbi egazini kwelakwa Hoho.  
Watshixiz' umti komnye umti kwelakwa Hoho.  
Satet' isikumba senkomo kwelakwa Hoko.

Sadl' isilwangangubo nezinja zaso kwelakwa Hoho.  
Yadl' ingqanga yashiyel' ihlungulu kwelakwa Hoho.  
Yadl' ingcuka yahlomlel' ixwili kwelakwa Hoho.  
Wadl' u-Hodoshe washiyel' impetu kwelakwa Hoho.

Asala apo amafa na Nkosi akwa Rarabe: alala umbete ngelize ngenyala elenziwe yi-Nkosi. Zats'hona apo intwala ndwe zakwa Rarabe zatshona zingenzanga nto zafa ngesikizi elenziwe yi-Nkosi Wesaba u-Ngqika waya kungena kumlungu e-Nxuba. Wafika waxoka apo wati nguye i-Nkosi enkulu uvukelwe yepetwe nguye. Wenza ngoku elinye inyala. Wabuya nomlungu wafunza ngaye e-Nkosini yake. Kumhla uhlanga lwazenzakalisa emxelweni. Kumhla uhlanga lwazitatela lento luyakubetwa ngayo kude kuye kwesesitatu nese-sine isizukulwana sabapikise izwi lika Tixo belitshitshisa icebo lose Nyangweni.

Kwaba njalo ukutanda ubumnyama nokucasa izwi lika Tixo. Yayeleda lonto kweka Saule no-Sirayeli.

*Inkani : Ubungqola Ukufa U-Nongqawuse.*

Gqita uye kwesesibini isizukulwana. Kwapa-kama amaxoki nezitanda bunyama. Kwaxokwa kwacetywa icebo lokukolosisa isizwe ngobuxoki. Zateta komkulu izitanda bumyama zati. Bayateta abangasekoyo: bayasifikela abangasabonwayo. Intombi u-Nongqawuse ibabonile ikuvile ukuteta kwabo. Atsho amaxoki ati uncedo lulapo ukusizakala kwesizwe kulapo. Obawo bayeza beza nezininzi inkomo. Sebehlalele ukufika. Xelani inkomo lahlani ukudla babone bafike msinya basunduze olutshaba luhleli lusixakile. Ngabo abaya kumtyala um-Lungu bampose elwandle.

Zafika izikulu zakwa Gcaleka zize kupicota lento itetwayo. Kwatiwa naba sebeko bayateta e-Gxara. Aya akangela amadoda amakulu. U-Moni, um-Bomvana, u-Sigidi, um-Bede, u-Mjikwa no-Mdushane ama-Tshawe. Ati lento ayiko, buxoki obu. Kukufa. Bangatini obawo ukufikela kulenkazana batete nayo ngenkomo zetu siko singamadoda. Sixelelwe kutiwe naba e-kamangeni siti sakuya singaboni nto singeva kuteta. Kusuke kurwashaze ikamanga. Lento iyakuzala ukufa ibuxoki.

Apika amaxoki zacikoza izitanda bunyama wakukuliswa umzi wakwomkulu. Acaswa lomadoda aqiqayo kwatiwa ngamagogotya. Oyiswa ezama ukunqanda. Ayikwelela lento azama ukunqabisa ezawo inkomo kuze kusinda usapo lwabo.

Yaslwa kwa-Rarabe lento. Wateta etetile umpakati omkulu u-Tyala. Latelela igora lemfazwe u-Soga ka-Jotello. Bati buxoki obu: kukufa. Bazihlalele kwelo labo obawo, banezabo inkomo, abazibizanga ezi zondle usapo lwabo. Lento ipandle, buxoki obuyakusitatela ukufa. Yoyiswa

i-Nkosi zizitanda bunyama zasinda macebetshu emikontweni ezo zilumko. Wateta u-Chalisi ka-Bulneli enqanda intsizana zirolelwa ekufeni. Wati lento ayiko. Napakade ayisoze ibeko. Bati igama lake ngu-Napakade kuba ebaxelela.

Apika amaxoki, izwi elaba lilo laba lelezitanda bunyama. Kwahlahlwa ukudla kwaxelwa inkomo amawaka. Zalahlwa zinga hlinzwanga ezininzi ngobuninzi bazo. Yehla intlekele. Akuvelanga mntu akuvukanga nkomo. Banyamezela abakolosiswe ngobuxoki bamfanyekiswa zizitanda bunyama. Bakangela elwandle bakangela e-Gxara. Akuvelanga nto. Badla ingaga, badla izikaka zabafazi badla amakaka: akuvelanga nto. Yemka i-Nkosi yawela um-Bashe yafaka intloko kulo Moni bekusitiwa ligogoty. Bacitakala abantu sebepelelwe ngamandla bezimfaca kukuswela nokulamba. Kwafa amawaka. Kwazala amatambo kuzo ezingcobo ze-Tole lika Baru abantu bepelelwe nayinyibiba. Usana lwafela ebeleni, unina epume kade umpfumlo. Indoda ihamba nosapo lwayo itwele usana iti emfazini yibani nihamba ndisapumla. Abone umfazi sekuquma isisi ngemva. Indoda yoje usana iyaludla. Abanye bapumela e-Nciba baya kufika ku Napakade basizakala ngokudla okuvela emlungwini.

Uhlanga lwaqoboka njalo ngobuxoki belulimele kade ngokubulalana lodwa. U-Nongqawuse wafela ezizweni engasiwe so ngamawabo. Kuyakude kuye epakadeni entetweni yakwa Ntu kwakucela into ebuyata ebuxoki esa abantu engozini kutwe "*Lento ngu-Nongqawuse.*"

Kwaba njalo kwesesibini Isizukulwana sabatanda ubunyama bapikise izwi lika Tixo.



*Isimanga.*

Kuwela bumini kwa Rarabe abati befundile bezazi izinto zonqulo bati Lentq ka-Nongqawuse yaba lidini. Inteto enjalo isuke ibe yintlekisa. Kanti kulusizi nokuba lusizi ukubona abantu betanda into zakowabo—intle ifuneka kakulu lonto kwezi mini basuke bakulelwe lolo tando bapandlwe lulo. Isweleke ingqiqo ecalula into eyiyo nengeyiyo.

*Indoda Enkulu Yakwa Gcaleka.*

Iseko, ubucopo bayo busebubo, u-Mpambaniso um-Ngwevu. Yinto ka Kalipa ka Ngcabiya ka Mtukutu ka Rudulu. U-Kalipa yindoda yakwomkulu ekaya. Uko uyateta ngo Nongqawuse, uhamba ne-Nxosi. Ukuwela kwayo ukuya ku-Moni uko. Ukubuya ukumisa umzi e-Qora uko. Unyana wake u-Mpambaniso uko yinkwenkwe seyibona incedisa ekuhlinzeni zixelwa nje. Uya-yazi nento yama kwenkwe etata impetu kwezi zixelwe zalahlwa atiyele intaka. Naye ungowakwomkulu ekaya. Uhamba ne Nkosi ngo Ngcayecibi uhamba nayo ukupinda ukuya kwa Bomvana useko ekutshoneni kwayo. Nguye umnini kuyazi lento ka Nongqawuse. Yenzeka uyise eko eyindoda yakwomkulu naye unyana lo eko selebona.

Uti kwa-Gcaleka akuko dini like lanjalo. Nongaba uti lento yaba lidini utsho kuba engayazi lento ilidini. Itsho njalo indoda enkulu yakwa Gcaleka. Itsho isiti lenteto yam yibale yazeke ndiseko ndisateta mna mtu wayeko sendinawo amehlo abonayo. Incwadi andizazi: into ezenzekayo kowetu sendiko ndiyazazi. Akuko dini lake lanjalo kwa Gcaleka.

Oka-Hintsa waka wahambela umhlobo wake u-Ross watshonisa ilanga walala ezinqwelweni zika

Ross e-Mbokotwana. Baxoxa apo, pambi ko Ngcayecibi, into ezininzi ezixoxwa ngamadoda amakulu avanayo. Ezokumiwa kwelizwe, ezamabali, ezonqulo namasiko, neyokugqoboka. Kute kwakupatwa le ka-Nongqawuse wafihla amehlo walila um Zola Omkulu wakwa Palo onofefe otanda abantu bake ongafaniyo nezi Nkosana zakwa Rarabe ezahlala zonakele imixelo yile Botile yase Kanti. Walila. Wati lento yaba libulalo elawela isizwe kwati nciti ingqondo zamadoda kwehla intlekele.

Ndiko ndingumntwana ndibuka inzwana enkulu ndibona okuba ibekile kubawo. Inteto ezi ndizixelwa sendikulile.

Into yokuba u-Nongqawuse waba lidini ayaziwa ngu Sarili, inguye umnini kuzazi izinto zelo xesha. Ipandle into yokuba lenteto ingedini yayingeko kwa Gcaleka. Ivuka bumini kwa-Rarabe. Yinto yama ranuka.

Oyaziyo lento ilidini kwezinye intlanga nakwa Ntu walanda wacokisa wafanisa awentlanga nawakwa Ntu nala akwa Sirayeli wazibonela okuba la akwa Ntu amadini ayelele ayafana kakulu, kwezinye indawo, nala akwa Sirayeli. Uti akubaqana nenteto enje enze umbuzo ube mnye.

Elinje idini elabulala amawaka enkomo ezifane zalahlwa, labulala amawaka abantu intsana, abafazi amaxego namaxegokazi, lali singiswa pina kobani? Lali nokukoleka lamkeleke kobani, abayintoni abanjanina? Ewe, kulo Yena utete kade wazixela okuba unofefe u-Yinyaniso ufuna inyaniso emtwini into enje esusela ebuxokini ihambe ngobuxoki ingaba injani? Kuye yonke into ebuxoki ilisikizi. Kuye into enje ngo Nongqawuse

ihleli ihlanjelwe ngobuxoki babenzi bayo. Ihleli iyingqambi ngobo buxoki ibe lisikizi elitatela abenzi bayo intlekele.

Ngo Nongqawuse abakwa Gcaleka baxokiswa ngamaxoki boyiswa balahlekiswa zizitanda bumnyama. Kodwa-ke kunjalo-nje abazange bayidibanise lento nedini. Kuba lomzi awuzange uwaswele amadoda aqiqayo, alwaziyo unqulo, enayo ingqondo yokulihlonela idini siko nesazela esitetayo sazise okuba idini yinto engcwele engenako ukudibana nobuxoki. Kuba kaloku, abalisingiswa kubo bayabona abanako ukuxokiswa.

Into yokudibanisa u-Nongqawuse nedini ivela bumini kwa Rarabe Nokuba yinto yama ranuka angalwaziyo unqulo lakowabo nokuba yinto yokosulelwa zinto zama Lawu angazange abe nalo unqulo olululo asazi. Into esiyaziyo yile. Inteto enje ayivelanga kwa Gcaleka. Pezu koko ihleli izixela ngokwayo okuba ingcambu yayo kukutanda ubunyama nokufuna funa amacebo okutetelela into zobunyama kulahlekiswe intsizana ezifane zipandlwe yintlokoma yamazwi obuciko zingenako ukulanda zicikide into eyiyo nengeyiyo.

Unongqawuse lilishwa sisibeto esawela uhlanga ngokutanda into zobunyama lucase izwi lika Tixo. Sesesibini isizukulwana eso.

### *Inkani Ubungqola Ukufa.*

Gqita uye kwesitatatu isizukulwana. Axabana amanxila enxila. Wanqanda enqandile oka Hintsa Amana ukumpuluka amanxila. Lafa ilizwe libulawa ngamanxila. Yasiwa kwa Rarabe lento iyinto eseyonakele kade, iyinto ekude nabakwa Rarabe. Lateta ixego elikade libona imfazwe

u-Soga ka Jotello wati akuko mfazwe ingayiyoy abantu behleli berawulwe kade zintshaba. Wateta oka Ross ehleli kwa Hleke wanqanda eno Jwara igora lemfazwe. Ateta amanxila akwa Rarabe. Lavakala lililo izwi lamanxila. Asiruqa isizwe asisa eweni. Inkosi yafela ezindle. Ingcwaba layo alaziwa kwa Rarabe nanamhla.

*Imilambo yakwa Rarabe.*

Baqutywa abantu, baqutywa okwenkomo bapuma ezweni labo bayakuposwa elwagcibeni lolwandle. Esakwa Sirayeli e-Babilone. Watshabalala waba senkangala umhlaba aba maninzi amanxuwa pakati kwelizwe. Asala odwa amangcwaba akwa Rarabe. Yasala yodwa imilambo yakwa Rarabe. Imilambo emihle imilambo yodumo i-Tyume, i-Xesi, i-Qonci, i-Kubusi. Imilambo emihle emahlati anqabileyo, emanzi ayolileyo ezintili zityebileyo, ezinkomo zigudileyo yasala yodwa. Usapo lakwa Rarabe lawezwa i-Nciba labekwa elagcibeni entlango. Elo lipesheya kwe Nciba ndivalazi kudala ndilihamba ukususela ecwebeni le Nciba kuse e-Lundini; ukususela e-Hoyita kuye ku Ntabankulu ndilazi lonke. Akuko milambo apo efana nemilambo yakwa Rarabe, Tyume, i-Xesi, i-Qonci, ne-Kubusi ehleli yodwa kuba usapo lakwa Rarabe lusentlango. Nanamhla ingwevu ezinkulu zipupa ziwela i-Nciba zibuyela kulomilambo nakulomamnxuwa zivuke ziqabuke kntsitse inyembezi emxelweni kuba zisazi okuba ziyakufela entlango.

Kwaba njalo kwa Sirayeli. Kwaba njalo kwa Rarabe. Yinto inye. Kusenjalo nanamhla koba njalo kuse epakadeni. Isiqamo sobungqola nenkani kukufa.

Sisi zukulwana sesitatu eso.

*Elokupeta: Eletemba.*

Unemfcsane enobabalo u-Yehova  
 Uzeka kade umsindo, mkúlu ngenceba  
 Akapiki kupele  
 Akawugcini umsindo ngonapakade.  
 Akenzi kuti ngokwezono zetú.  
 Akasipatl ngokobugwenxa betú;  
 Ngokuba uyakwazi yena ukubunjwa kwetú  
 Ekúmbula ukuba silutúll.—Indumiso. 103.

Ubuya abuye ngenceba nangetaru kwabo bamo-  
 yikayo; baqiqe, bazohlwaye, babuyele kuye.  
 Umprofeti u Yesaya utétá elikulu eletemba ngaba-  
 ntu abacitakeleyo nangelizwe elisele lodwa.

Kude kuye icitwe imizi ingabi nabemi, izindlu  
 zingabi namntu, utshabalale ube senkangala umhla-  
 ba. U-Yehova amse kude umntu, abe maninzi  
 amanxuwa pakati kwelizwe. Kutí kusekó isahlulo  
 seshumi kóna naso sibe yinto yokutshayelwa;  
 njengomterebinti nanjengom-oki, oté ekuwiseni  
 ube nesipunzi; yimbéwu engcwele isipunzi eso.

*Imbewu Engcwele.*

Usapo lakwa Rarabe oluyakuqíqa lubone, luya-  
 leke: usapo oluyakulahla inkani nobungqola: usa-  
 po oluyakuncama ukuzitándela, nokuzibonela lu-  
 yakuba "Yimbéwu Engcwele" eyakuzala uhlanga  
 olutsha oluyakwakéka luzinze ngokuva Izwi lika  
 Tixo.

Kawenze ubuhlobo naye, ube noxolo;  
 Ngalonto wozelwa kokulungileyo.  
 Kauwamkele umyalo emlonyeni waké,  
 Ubeke intétó zaké entliziyweni yakó.  
 Ukuba uté wabuyela ku-Somandla, Uyakwakiwa.  
 Ngokuba uyakwandula ukuziyolisa ngo-Somandla  
 Ubupakamisele ku Tixo ubuso bakó.

Ezindleleni zakò kukánye, kubemhlope,  
 Xa zitè zehla woti, Pezulu!  
 Amsindise omehlo aqondele pantsi.  
 Uyakusindisa nongemsulwa,  
 Asizwe bubunyulu bezandla zakò.—Job 22 : 21.


Linjalo ilifa labo ababuyela ku Tixo ngentliziyo etobekileyo. “Ngokuba Utsho opezulu, owongamileyo, ohleli ngonapakade, ogama lingu-Ngcwele, ukuti, Ndhleli pezulu, engcweleni, ndihleli nakotyumkileyo, omoya utobekileyo, ukuba ndibuye ndipilise umoya wabatobekileyo, ndibuye ndipilise intliziyo yabatyumkileyo”.—Yisaya 57 : 15.


Akwaba kunga njalo, kuvele kwesesine isizukulwana lombewu ingcwele kusizakale kwakeke ngayo isizwe sakwa Rarabe. Kukade sibetwa, kukade sisenzakala, kukade kungamashwa. Kukade lembewu ilindelwe. Lembewu iyakucela ngabazali abayakuzoyisa bazile. Bazile kwasebutsheni babo into ezimbini. Bati bezila iziqu zabo—bapakame bazicite emizini naselusatsheni lwabo. Ezinto zahlala zibulala ingqondo nobuntu elusatsheni. Zahlala zimenza inqambi umfana, ziyenza idlavu intombi :

Eyokuqala—Luselo olunxilisayo  
 Eyesibini—Lumetsho.

Umzi oswele isazela ngezonto uyakuhlala uswele amandla entweni zonke ; uyakuhlala uhleli uzalela pantsi. Woqweba uqwebile, ufunde ufundile, uzalele pantsi, ude udate ; ungayivelisanga lembewu esindisa yake uhlanga. Azi esesine isizukulwana soba njanina ? Akwaba kwakuya kuzallseka izwi lomprofeti :

Angatyatyekwa amehlo ababonayo,  
 Zibazeke indlebe zabevayo  
 Iqonde ukwazi intliziyo yabanxamayo.











2 JUNE 1942

1 MAY



**Other Books by**

**Rev. B. J. ROSS, M.A.**

**INCWADI ZOMBALI U-MR. ROSS.**

Post Free.

**Umzi Ontsundu. 9d.**

**Amabali Emfazwe. 1s. 3d.**

**Tshaka. 1s. 1d.**

**Abaprofete bakwa-Sirayeli.  
1s. 6d.**



**Obtainable at  
LOVEDALE BOOKSTORE.**

